

# Ukudla Okokomoya

## Ngexesha Elifanelekileyo



Kholwa kuphela, kholwa kuphela,

Zonke izinto zingenzeka, kuphela.

Kunjani, injani ngolu hlobo:

Ngoku ndiyakholwa, ngoku ndiyakholwa,  
Zonke izinto zingenzeka, ngoku ndiyakholwa;  
Ngoku ndiyakholwa, ngoku ndiyakholwa,  
Zonke izinto zingenzeka, ngoku ndiyakholwa.

Masime njalo ngoku, iintloko zethu sizithobile.

Nkosi, kwanga oku akungebi liculo kuphela koko obona bunzulu bentliziyo yethu singacula, “Ngoku ndiyakholwa!” Abafundi bathi ngaxesha lithile, emva kokuba uYesu wayenze imisebenzi emininzi kangako yamandla, bathi, “Nkosi, ngoku siyakholwa.”

UYesu wathi, “Niyakholwa na ngoku?”

<sup>2</sup> Bathi, “Siyakholwa ukuba Wena uyazazi izinto zonke kwaye akufuneki mntu ukuze aKufundise.” Ngoko, Bawo, ngokuhlwanje siyaqonda ukuba Wena awuswele mfundiso yethu, koko sithi esiswele eyaKho. Ngoko sithandaza ukuba Usifundise indlela yokuthandaza, indlela yokuphila, nendlela yokukholwa. Siphe oko, Nkosi, ngale nkonzo yakusihlwa nje. Ukuba siswele nantoni na, siphe yona, Nkosi. Oko sikucela eGameni likaYesu. Amen.

<sup>3</sup> Ndiyazi ukuba abaninzi benu bemile kwakhona ngokuhlwanje. Kwaye, phandle, ndihlangene namaqela athe akakwazanga kungena, aye aphulaphule unomathotholo wawo kwiinqwelo ezahlukileyo. Ke ngoku sizakuzama ukukhawulezisa nje kangangoko sinokuba nakho ngokuhlwanje, ngokuhlwa kwangeCawe, sinikela ekuthandazeleni abagulayo, sibe nomgca wokuthandazela njengokuba sibanawo apha. Kodwa sinikela le nkonzo yangokuhlwa nje ekuthandazeleni abagulayo.

<sup>4</sup> Kwaye ndifuna ukuba nakheke ngoku kwi...ezi Zikhumbuzo ziNgcwele zikaThixo, eluKholweni, uKholo lwale yure. UKholo! Luyakuba yinto engaphezu kokholo olwakhe lwakho nakusiphi na isigaba, kuba olu lumelwe kukuba lukholo lokuxwilwa, ukuthatyathwa sinyuswe. Ke ngoko sifuna ukuba nikholve ngokuhlwanje kuko konke enikubonileyo, nakuva iLizwi elithe naliva lishunyayelwa,

i—imiqondiso nezimanga enithe nazibona zisenziwa. Sifuna ukufumba konke oko kudibane entliziyweni yenu, ukuze nikubale, kuba ngaba kokuThixo na okanye hayi.

<sup>5</sup> Njengokuba u-Elisha wakudala, wathi, “Ukuba uThixo unguThixo, ngoko khonzani Yena.” Kwaye ukuba uYesu usisibindi sayo yonke into kuMkristu, ngoko ndiyacinga ukuba simele kukuyekelela yonke into eyenye sibambelele kuYe. Khumbula, Yena unguMbindi, Yena uyiNkwenkwezi yangeNtla, Yena usiSiqiniseko, nguYe uQobo. Kwaye ukuba Yena uyiNkwenkwezi yangeNtla...Inye kuphela into enokukukhomba kwiNkwenkwezi yangeNtla, yikhampasi yakho odada kunye nayo. Kwaye iKhampasi endizama ukuba udade nayo liLizwi, kwaye iLizwi lihlala likhombe kuYe njalo.

<sup>6</sup> Kwaye siva ngathi sikwixesha lokuhlupheka okukhulu nezilingo, ukudideka kwexesha nokuhlupheka phakathi kwezizwe, nazo zonke iintlobo zezinto zisenzeka, kwaye ngamanye amaxesha ndiyagutyungelwa ngokungathi... Ndawo yonke endiyikhangela kuyo, kunjengase—senqanawo phandle phezu kolwandle. Kwaye ndinikwe ulawulo lweSikhephe. Sizakuqhuba njani ke? Naku kusiza elinye limhlophe ngaphezulu, lilikhulu ngokuphindwe ngamakhulu kunenqanawe yam. Kodwa siyakudada phezu kwawo, onke ngamanye. “Singaphezu kwabeyisi ngaYe.” UMphathi, uMphathi oyiNtloko, uyibambile intambo esekupheleni kwenqanawe, Uyakuyitsala iphumele. Siyakudada kuwo wonke ngamanye.

<sup>7</sup> Ngoku, ngokuhlwanje, ukuze sikhawulezise sinikhuphe kuselithuba. Siyavuya ngokuba niqhube umgama omde, njalo njalo, nendlela enimelwe kukuthi niqhube ngayo, nokuzinikela enimelwe kukukwenza. Kwaye, 'yabona, loo nto indenza ndifike kwindawo apho ndingathanda nje ukuma ndihlale ndithetha nje ndisenza yonke into endinokuyenza ukuze ndinincede. Kodwa xa ndilapha ndizama ukunyanzela yonke into endinokuthi ndibe nako ukuyenza, ukukhupha uncedo lwalo mzuzu silapha kuwo ngoku. Ngoko kuthabatha... Ukuba unika abantu okuninzi kakhulu ngexesha elinye ababakukhumbula. U—ufanelwe kukuthabatha nje into ibenye uyibambe ngendlela eyiyo phambi kwaloo mntu ade ayibone loo nto. Ukuze ke xa ithe yomelela entliziyweni yabo, ngoko bayakuthi...uze ubafundise into eyenye. Inyathelo nenyathelo nje njengokuba sihamba.

<sup>8</sup> Ngoku, nithandaze nibe nenkuthalo, nikholwe ngoku ngokuhlwanje ukwenzela iMpiliso. Andicingi ukuba kukho nambuzo engqondweni yenu malunga nexesha esiphila kulo. Andikholwa ekubeni kukho umbuzo engqondweni yenu malunga nokuba uThixo uphakathi kwabantu baKhe na okanye hayi. Ndiyakholwa ukuba nonke niyakholwa yiloo nto. Kwaye ndi...Akukho mathandabuzo engqondweni yam

malunga noko kwaye ndi—ndi—ndiyabazi abantu bakuthi, abahlobo bam, abahlobo bakaKristu, abantwana baka—bakaKristu, bayakholwa yiloo nto.

<sup>9</sup> Kwaye kundinika uvuyo olukhulu ukubona ukuba xa usazi ukuba unoMyalezo ovela kuThixo, uze uwunikezele ebantwini ukuze ubone abantu beyihoya loo Nto. Ngoko ukhangela emva uthi, “Ndibulela Wena, Bawo.” Owu, luvuyo olunjani ngoko ukubona abantwana besidla iSonka abasithunyelweyo! Uyaqonda ukuba yayingumbono lowo kwiminyaka edlulileyo, apha kanye kuloo Mnquba? Injalo loo nto, “iSonka soBomi.” Mzalwana Neville, uyayikhumbula loo nto, amandla. Ixesha lamandla!

<sup>10</sup> Ngoku masityhile, ukuba niyakuthanda ukulandela ngokufunda okanye ukuyiphawula nje. . . Andikholwa ukuba kuyakufaneleka ukuba sibe nenkonzo ngaphandle kokufunda iLizwi likaThixo sidlulise imizuzwana embalwa, ukuba izakuba yinkonzo yempiliso okanye neyaluphi na uhlobo. Siyaqonda sonke. Akukho bahambi phakathi kwethu, ndiyakholwa. Kodwa sisonke siyayiqonda ukuba yintoni na inkonzo yempiliso. Asiyonto umntu othile akwenzela yona; koko uThixo sele ekwenzele kona. Usindiso lukwakuloo mgca mnye. Into inye, yeyokuba, kukuzisa abantu ekubeni bakholwe ukuba loo nto yiNyaniso. Kwaye uThixo uyayifundisa eLizwini laKhe aze ayiqondakalise kwabo bayakukholwa yiYo, kuba Wathi, “Zonke izinto zinokwenzeka kwabo bakholwayo.”

<sup>11</sup> Uthi, “Akukho nto ingenakwenzeka kuThixo.” Niyakholwa yiloo nto? Akukho nto ingenakwenzeka kuwe, kananjalo. “Kuba zonke izinto ziyenzeka kubo,” (uThixo unguMntu omnye) “kwabo bakholwayo kuloo nto.” ’Yabona? Ngoko akukho nto ingenakwenzeka kuwe, isenzekela wena, ukuba unokukholwa nje.

<sup>12</sup> Ngoku kooKumkani bokuQala, isahluko se-17, ndifuna ukufunda iivesi ezisixhenxe zokuqala, iNkosi ithandle.

*Wathi u-Eliya waseTishbhi, wasezindwendweni zaseGiliyadi, ku-Ahabhi, Ehleli nje uYehova uThixo wakwaSirayeli, endimi phambi kwakhe, akuyi kukha kubekho mbethe namvula le minyaka, kungengalo ilizwi lam.*

*Lafika iLizwi likaYehova, lisithi,*

*Hamba umke apha, ubheke eMpumalanga, uzimele emlanjeni oyiKeride, okhangelene neYordane.*

*Wothi, usele emlanjeni apho; ndiwawisele umthetho amahlungulu ukuba akuxhase khona.*

*Qaphela, “akuxhase khona,” hayi kwenye indawo. “Apho!”*

*Wahamba ke wenza ngokukaYehova, okanye ngokwelizwi likaYehova: waya wahlala emlanjaneni oyiKeride, okhangelene neYordane.*

*Amahlungulu amzisela isonka nenyama kusasa, isonka nenyama ngokuhlwa; wasela emlanjaneni apho.*

*Kuthe kwakuhamba ixesha, watsha umlanjana, ngokuba bekungabakho mvula ezweni.*

<sup>13</sup> INkosi yongeze iintsikelelo zaYo ekufundweni kweLizwi laYo. Ke ngoku, ngokuhlwanje, ndifuna ukuthatha itekisi ephuma apho, ebizwa ngokuba, “uKudla okukokomoya ngexesha laKo.” Ngale ntsasa besine—besinesifundo ngo—ngo“Kwenzela uThixo umsebenzi, okanye ukuzama ukuMenzela umsebenzi ngaphandle kokuba...-ibe lixesha, lixesha elifanelekileyo, yindawo, okanye umntu.” Ngoku lo ku: *Kudla Okukokomoya NgeXesha Elifanelekileyo.*

<sup>14</sup> Lo mprofeti, u-Eliya, sazi kancinane kakhulu ngaye. Kodwa siyazi ukuba wayesisicaka sikaThixo, kwaye isicaka sikaThixo saloo yure.

<sup>15</sup> Ke uThixo usebenzise uMoya waKhe owawuphezu ko-Eliya, sele ewusebenzise amaxesha amathathu, kwaye uthembisa amanye ababini; ngamaxesha amahlanu, ngenxa yobabalo. WaWusebenzisa phezu ko-Eliya; Wehla phezu ko-Elisha ngokuphindwe kabini; wawuphezu koYohane umBhaptizi; kwaye umelwe kukuza nje ungene kuMtshakazi weNtlanga; uphinde uze noMosisi ukuya kugodusa amaJuda. Injalo loo nto. Ngamaxesha amahlanu athe uThixo wathembisa ukusebenzisa uMoya ka-Eliya, kwaye sele eyenzile loo nto amatyeli amathathu.

<sup>16</sup> Ngoku, lo mprofeti ubalulekileyo, asazi apho wayevela khona. Siyazi ukuba wayengowaseTishbhi. Kodwa indlela aweza ngayo . . .

<sup>17</sup> Sazi kancinane ngabaprofeti. Asazi ukuba bavela phi na. Kuyanqaphazeka . . . Njengokuba, andazi ukuba kukho namnye owaphuma kwibandla okanye owayenomlibo omxhasayo. Yayingabantu nje abaqhelekileyo ababengoyiki, kwaye, ngamaxesha amaninzi, bengafundanga. Kwaye abazange babenakubhala abakwenzayo, ngokwabo. U-Isaya noYeremiya, ababini kubo, benza ukubhala okuthile, kodwa le ndoda inkulu u-Eliya akazange abhale nento enye. Abaninzi babo abazange babhale; mhlawumbi babengakwazi kubhala. Kodwa babengamadoda awayengqwabalala. Akukho ndoda eBhayibhileni ifana nabo baprofeti bakudala. Badela izikumkani, ookumkani, abantu, inkonzo, nayo yonke enye into, bema ngokuqinileyo kwiLizwi likaThixo, kwaye uThixo wabaqondakalisa ukuba banyanisile. Babengabantu abazimeleyo nje abangqwabalala kakhulu.

<sup>18</sup> Kwaye lo-Eliya wayengoyena ungqwabalala kubo bonke. Wayeyindoda yentlango. Wayevela entlango; wayehlala entlango. IBhayibhile ithe wayenxiba...wayenoboya, wayezijijele ngofele lwegusha nentwana yesikhumba, ufele lwenkamela lujijelwe esinqeni kuye, ngenene...enamabhovu ebusweni bakhe, kwaye ndiyaqikelela ukuba wayeyindoda ekhangeleka igadalala kakhulu, nangokuyijonga.

<sup>19</sup> Kodwa asizange...abazange bafe bonke. Abafanga be-bebonke. Ngemihla yeBhunga laseNicene...abaninzi kuni bantu bakhe bayifunda i*The Nicene Council of the Early Church*, xa babefuna ukwenza umbutho ngalo baze bazaphule zonke ezinye iinkonzo, bangene kuyo ibenye, xa bathi banaloo nto eNicene kwiBhunga, amadoda angqwabalala anjengo-Elisha angena apho evela entlango, esidla imifuno yasendle yodwa; amadoda amakhulu angqwabalala. Kodwa isihlonitshwa, abaphezulu, phantsi ko-Constantine, njalo njalo, balizolisa izwi lawo. Ngokuba lawo, engabaprofeti, ayesazi ukuba ukhozo lwengqolowa lweBandla elinguMtshakazi lwalufanele kukuwela emhlabeni, ngendlela efanayo neyokuba ukhozo lwengqolowa olwalukuMyeni elwalufanele ukuwa ngayo emhlabeni. Kwaye nalo lulele apho isithuba sewaka leminyaka.

<sup>20</sup> Kungoko babhala ezincwadini namhlanje, “Uphi loo Thixo uthuleyo owayenokuma abukele, abone abantwana abancinane begwintwa, nabafazi bekrazulwa babengamasuntsu ziingonyama, aze ahlale esibhakabhakeni aze angabi nanto ayithethayo ngaloo nto?” Abalazi iLizwi. Olwa khozo lwengqolowa lumelwe kukuwa lungene emhlabeni. Angathini uThixo olilungisa ukuba eme akhangele uNyana OngowaKhe esifa etshicelwa, njalo njalo? Kodwa oko kungokweLizwi, kumelwe kukwenzeka. Kwaye yiloo ndlela ekuyiyo kude kube yile yure.

<sup>21</sup> Le ndoda, yayiyindoda ebalulekileyo. Yayiyinesizukulwana esonayo phambi kwayo. U-Ahabhi wayengukumkani, uyise ongaphambi kwakhe wayengumntu ombi. Ukusukela kuSolomon, kwakukho nje ukumkani ombi omnye emva komnye. Kwaye le ndoda, u-Ahabhi, owalawula amashumi amabini anesibini eminyaka kwaSamari, wayengoyena mbi kubo bonke. Wayengowexesha langoku ngenene. Wayekholwa kwinkolo, ngokuqinisekileyo. Kwaye wayenze yonke into ngomzekelo wangoku. Wayenawo amakhulu amane akhe abaprofeti bamaHebhere, bonke ngabanye befunde kakuhle beqeqeshiwe. UThixo wamthumela omnye waze akabinakuyikholelwa loo nto, lowo ke yayingu-Eliya.

<sup>22</sup> Kodwa u-Eliya, lo mTishbhi, wayeyindoda yentlango. Ingeyondoda ithambileyo; wayeyindoda egadalala. Kwaye ngenye imini, emva kokuba u-Ahabhi wayone kangangokuba uThixo angabi nakuyinyamezela kwakhona loo nto, Wathetha

ku-Eliya entlango. Waze wehla ngendlela eya kwaSamari, njengokuba ndihlala ndiyicacisa; mhlawumbi amabhovu amhlophe ethe gqi konke ebusweni bakhe, impandla ibengezela elangeni, amehlo amadala enciniwe, phaya emva ephethe intonga esandleni sakhe, encumile ebusweni, wenyuka waya ngqo kukumkani wakwaSirayeli, wathi, "I... Akusayi kuwa nombethe lo ndingathanda ndiwubize."

<sup>23</sup> Thixo sinike amadoda anjalo, 'yabona, amadoda ayaziyo into ayenzayo ngo ITSHO INKOSI.

<sup>24</sup> Ngoku, sifumanisa ukuba phambi kokuba enze le nto, kuba uThixo wayembizile. UThixo wathetha naye kwaye, ngoko ke, wayengoyiki nantoni na. Wayengoyiki ngomyalezo wakhe, kwakungenakwenzeka; wayesazi ukuba kuyakwenzeka! Wayesazi ukuba wawungokweLizwi leNkosi, kwaye wayesazi ukuba wayengumprofeti kaThixo walo yure, ngoko nokuba ukumkani wayeyakuyinqumla na intloko yakhe, amfake entolongweni, nantoni na ababeyakuyenza, yayingenzi mahluko kuye; wayenomyalelo, "ITSHO INKOSI," kanye phambi kobuso bokumkani. Yayingumntu ongqwabalala njani! Kodwa phambi kokuba enze oku, achaze kwangaphambili le mbalela inkulu...

<sup>25</sup> Kuba uThixo akayi kuvumela ukuba isono sidlule singohlwaywanga, kumelwe ukuba kubekho isohlwayo. Unceda ntoni umthetho ngaphandle kwe—kwesohlwayo? Kunganaluncedo luni, ukuthi, "akukho mthethweni ukudlula isibane," kuze kungabikho sohlwayo ngaloo nto, okanye kungabikho sohlwayo sakuyixhasa? Ayinakuba ngumthetho lowo. Ngoko kukho isohlwayo kwisono. Kwaye xa uThixo esenza umthetho, ukuze loo mthetho—mthetho udelelwe, ngoko kumelwe kubekho isohlwayo ngaloo nto.

<sup>26</sup> Kwaye esi sizwe sesiyaphule yonke imithetho yaKhe. Owu, babe nenkonzo enkulu, babenetempile. Babenamadoda amaninzi afundileyo. Babenabaprofeti kulo lonke ilizwe, bezezikolo zabo, bebakhupha ngokomatshini. Kwaye babenabaprofeti abaninzi, babena—babingeleli abaninzi, babenabhali abaninzi, kwaye babenenkolo eninzi, kodwa babekude kwiLizwi likaThixo. Ngoko uThixo wabiza indoda ngaphandle kwezo zikhundla zabo ngokupheleleyo, waza wayithumela isiza no-ITSHO INKOSI.

<sup>27</sup> Kwaye qaphela indlela Abakhathalela ngayo AbangabaKhe. Phambi kokuba Athumele loo mprofeti nomyalezo, Wathi, "Eliya, yihla uyokuxelela ukumkani u-Ahabhi ezi zinto. Ke ngoku, xa wenze njalo, uze umke kuye ngokukhawuleza, kuba ndikwenzele indawo oyakuya kuyo ngesha lembalela. Ndiyakukukhathalela, Eliya, ukuba ushumayele nje iLizwi laM, wenze njengoko Ndikuxelela kona."

<sup>28</sup> Ngoku ndizakwenza umzekelo ngolungiselelo lwakhe olukhulu, ngokuhlwanje, luka-Eliya nexesha lika-Eliya, ngale yure siphila kuyo. Ndiyakholwa ukuba Lungumzekelo ogqibeleleyo. Ndinga ngezizwe... ukuba mna... besinexesha lokubuyela emva, kodwa ndifuna ukubeka ixesha elininzi kumgca wokuthandazela.

<sup>29</sup> Ngoko ukuba sinokubuyela emva sibone, uSirayeli wayethabathe iPalestina phezu kwesiseko esinye esayithabathela kuso i-United States. Seza kule United States sagxotha abahlali, abebengamaNdiya sawuthimba umhlaba. NoSirayeli wenza njalo ukungena ePalestina, phantsi kokukhokela kukaYoshuwa, phantsi koThixo, babagxotha babakhupha abahlali bawuthabatha umhlaba.

<sup>30</sup> Kwaye okumkani babo bokuqala wayeyindoda anamandla; uDavide, uSolomon, namadoda amakhulu. Abongameli bethu bokuqala babengamadoda abalulekileyo; uWashington, uLincoln, njalo njalo. Kwaza ekugqibeleni abongameli okanye ookumkani baya bebola ngakumbi lonke ixesha, saze sagqibela ngokuba nalo Ahabhi. Umzekelo buqu, ofana nqwa nalo mhla. Kwaye abantu babengabelixesha kakhulu baze abafuna ukuba iLizwi eliyinyaniso leNkosi.

<sup>31</sup> Kwaye ungaqikelela, kumntu wanamhlanje onjalo, into isicaka senene sikaThixo esinokuvakala ngathi siyiyo kubo. “Kuba, wayephambene, wayelahlekwe yingqondo yakhe. Kwakungenakubakho into enjalo.” Babengabenkolo, babengabenkolo kakhulu. Babenamadoda anyanisekileyo, babenabantu abanyanisekileyo. Babengabenkolo ngokukhulu.

<sup>32</sup> Ngoko wayesazi ukuba kuyakuthabatha okungaphezu kwemfundo nje yezakwalizwi eqhelekileyo, kuyakuthabatha okungaphezu kwawo—kwawo nawo nawuphi na umyalezo oqhelekileyo, kuyakuthabatha okungaphezulu nje kokushumayela iLizwi, ukuze ube nokuqhekeza iintliziyi zabo ezingamatye. Wayesazi ukuba kuyakuthabatha u-ITSHO INKOSI ukuthumela loo mgwebo uhle phezu kwabo bantu, ngoko wayeyazi loo nto xa waphuma eno-ITSHO INKOSI. Kwaye yayingu-ITSHO INKOSI. Ukwala Wona, yayingumgwebo. Siyayibona loo nto kumhla wethu, kananjalo. Siyayibona nakuwuphi na umhla. Akukho ishiyekileyo koko ngumgwebo xa uthe watsiba ngaphaya komda wenceba.

<sup>33</sup> Ngoku, loo mzekelo apho ndizakuzekelisa u-Eliya ngawo, ibandla namhlanje, ibandla lanamhlanje. Kanye phambi komgwebo, wamkela lo myalezo. U-Eliya, wayemele, wayekhathalelwe ngokwemveli, ukudla kwemveli, ngokuba yayingazi kuna ngoku, ngokweLizwi likaThixo, isithuba seminyaka emithathu neenyanga ezintandathu, okanye ade u-Eliya ayibize. “Naxesha nini na usitsho, Eliya, kuyakwenzeka loo nto.” Ngoko wahamba wenyuka waya kukumkani, wathi,

“Akusayi kubakho nombethe owayo ndide ndiwubize.” Ngonjani u—umthwalo lowo, akunjalo? Ngomnye umyalezo lowo!

<sup>34</sup> Ke ngoku sizakuzekelisa leyo nembalela yokomoya yanamhlanje. Ngoku, sisonke, siqonda kakhulu, ukuba kukho imbalela enkulu yokomoya elizweni namhlanje, xa sithetha ngokomoya. Kwaye, uyazi, yona yayixelwe kwangaphambili ngabaprofeti, kanye phambi koKuzi kukaKristu ukuba iyakubakho, bathi, “Kuyakubakho indlala elizweni, kwaye ayisayi kuba yindlala yasonka sodwa, koko iyakuba yeyokuva iLizwi likaThixo.” Kwaye loo mini ingoku, “ukuva ilizwi lenyaniso likaThixo.” Ngoku, oku kuzekelisa imbalela yasenyameni neyomoya.

<sup>35</sup> Isono nokungakholwa, ngabafundisi bobuxoki nabezinto zangoku ebandleni, abathe balizisa kwindawo yokukuza, komgwebo ozayo. Ngoko babemkile kwiLizwi likaThixo nomprofeti waKhe, baya kwindlela entsha yobufundisi yeLizwi.

<sup>36</sup> Ukuba uyaqaphela apha kungelo xesha kanye apho uThixo ahlala evelisa into ethile. Kuba, Yena, njalo, Akenzi nto ade abe kuqala Uyityhilile ebantwini, kwaye Uhlala eyityhila ngabakhonzi baKhe.

<sup>37</sup> Ngoku, kodwa u-Eliya, ngelishesha, wayenendawo efihlakeleyo awathi uThixo wayimisela yena ukuba aye kuyo. Nantso into esifuna ukuyibona ngoku kanye phambi kokuba sibe nomgca wokuthandazela. U-Eliya wayenendawo efihlakeleyo ekubonelelwe ngayo nguThixo ngokwaKhe. Ngoku, ibandla alizange limbonelele ngayo, ukumkani akazange ambonelele ngayo, akazange azibonelele, koko uThixo wabonelela ngendawo efihlakeleyo ku-Eliya ukuze ondlwe lonke ixesha ngexesha lembalela, apho kwakubonelelwa khona ngokudla kwakhe usuku nosuku. Kwakungafanelanga amangaliswe ukuba kuyakwenzeka ntoni na ngomso okanye amangaliswe ukuba aziyi kuphela na izibonelelo. UThixo wathi, “Ndiyalele amahlungulu, kwaye ayakukondla.” Yinto emangalisa kakhulu, ngumzekelo wendawo yethu efihlakeleyo kuKristu.

<sup>38</sup> Xa ibhunga lehlabathi nako konke oko kuqhubekayo namhlanje, lisithi, “Iintsuku zemimangaliso zidlule.” Amandla amakhulu kaThixo akhutshiwe emabandleni. Kukhangeleka njalo, akasekho, abanayo kwanto koko “yixina ehlokomayo necangci elikhenkcezayo.” Uyazi ukuba yinyaniso loo nto. “Nokumila kokuhlonela uthixo, babe bewakhanyela aMandla ako.”

<sup>39</sup> Yinto enye kanye athe uDavide wayenza ngale ntsasa, ngeenqwelo zeenkabi, wemka kwiLizwi. Xa iLizwi lalimisiwe balinikwa, abazange baLifune; ngoko ke, babemnkile kuLo.



40 Yiloo nto abayenzayo aba bantu bemihla ka-Eliya, bemka kwiLizwi. Babcinga ukuba babenaLo iLizwi, kodwa babengenaLo. Ngoko qaphela ngoko kwi. . .

41 Ngexesha Yena wayezakohlwaya ongakholwayo, Wenza indlela yokuphuma kokholwayo. Ikwayiloo nto inye Ayenzayo xesha ngalinye. Ngemihla Awayezakutshabalalisa ihlabathi ngayo ngamanzi, Wamenzela indlela yokuphepha uNowa. Ngemihla Awayekuzayirhaxisa ngayo iYiphutha, Wenza indlela yokuphepha kunqunyulwe ulwandle ngabantu baKhe. Indlela ayenza ngayo uThixo indlela yaKhe! Kwaye apho kungekho ndlela khona, Yena uyiloo Ndlela. Nguye loo Ndlela!

42 Ngoku siyaqonda ukuba sijongene nenye yezi. . . enye yezona yure zinkulu yathi imbali yazazi. Ayizozixhobo nje zemfazwe ezinentloko zoko kukhanyayo kudutyulwa bekude, zinentloko kuzo, esimelwe kukuzoyika. Ziinkonzo esimelwe kukuzoyika. Yiyure le siphila kuyo esimelwe kukuyikhanela.

43 Ngoku qaphela, kodwa uThixo wamenzela indlela ayakuphepha ngayo u-Eliya. Kwaye Uyenzile indlela ngenxa yabantwana baKhe abakholwayo ukuze bakuphephe oko ngoku, umsindo nezinto eziyakuza.

44 Ngokuba, uThixo akanakuba ngumgwebi olilungisa kwabo bantu aze abathumele isohlwayo, antywilisele iSodom neGomora, antywilisele iKapernahum esazulwini solwandle, aze agwebe ezo zizukulwana, neSodom neGomora, aze asiyeke kwakuloo nto inye sisinde sikuyo. Siqiniseke nje ngokupheleleyo ngomgwebi njengokuba babeqinisekile ngokugwetywa. Ngoku siqaphela ukuba i. . .

45 Xa ezi zinto zifika, indlela entsha yaloo mhla, uThixo wavelisa indoda ngaloo mihla, okanye wavelisa indoda, gxebe, ukukhawulelana nemikhosi, baze abaphulaphula kuyo. Bacinga ukuba yayiphambene, “Yayilahlekwe yingqondo yayo. Yayingumbaxi nje omdala othile, isidenge esiphuma entlanga, esibuphanjaniswa ngamahlathi.” Kodwa, nangoko, yayineLizwi leNkosi.

46 “ILizwi alisingisanga kuloo nto Liyithethayo,” batsho namhlanje. “Owu, kulungile, iBhayibhile yincwadi yezembali.” Ndiyakholwa ukuba nikhe nakubona oku, oku ngoku bakubangayo, ukuba, “U-Eva akazange adle i-apile, wadla i. . .” Yintoni? Ndiyakholwa. . . “Yayiyi-aprikoso,” batsho ngoku. “Yayiyi-aprikoso.” Ke ngoko, loo nto, “UMosisi akazange abakhokele abantwana bakaSirayeli banqumle uLwandle Olubomvu. Yayiliqela elikhulu leengcongolo, phaya ekupheleni kwelinye icala lolwa lwandle, waze wanqumla ulwandle lweengcongolo.” Ngoko kwakutheni ukuze amanzi, a-m-a-n-z-i, abe ludonga macala omabini; banqumla

kumhlaba owomileyo, ngoko? Owu, imfeketho enjalo! Kodwa, uyabona, iba ngumhla ololo hlobo apho uThixo athoba khona ingqumbo phezu kwabantu. Oko kwenza loo nto.

<sup>47</sup> Bathi akukho nto inje nge—inje ngezi . . . nabantu benkonzo ngokwabo abakholelwa kwimimangaliso. “Ndiyakunika iwaka leedola,” batsho, “ndibonise ummangaliso. Ndibonise ummangaliso!” Ke, bebengenakuwubona nokuba bekukho ishumi lamawaka ezinto ezenziwe phambi kwabo. Kuba, bona, bebengenakuze bawubone.

Uthi, “Loo nto ayinakwenzeka.” Owu, hayi, ayinjalo.

<sup>48</sup> U-Eliya ngaxesha lithile wayesezantsi eDotan, kwaye umkhosi wakwaSamari wawuwelile wasingqinga isixeko, ukuza kuthabatha yena, ngenxa yokuba babesazi ukuba kwakulapho a—amandla esizwe ayekhona, ayekuloo mboni. Kuba, ukumkani . . . Enye yaloo madoda yaxelela ukumkani ukuwa kwaSamari, yathi, “Kuba, uyazi, u-Eliya umprofeti, waseTishbhi, uyamxelela ukumkani wakwaSirayeli into othetha ngayo kwigumbi lakho elisemfihlekweni.”

<sup>49</sup> Wathi, “Yiyani kulanda loo mfo! Nguloo mfo lo usithintelayo.” Waze wonke umkhosi wakwaSamari wanyebelezela wajikeleza iDotan. Babeyirhangqwe yonke.

<sup>50</sup> Waze uGehazi i—isicaka somprofeti, savuka, saze sathi, “Owu, bawo, imikhosi isijikeleze konke apha. Sirhangqwe ngokupheleleyo.”

<sup>51</sup> Wathi, “Kuba, baninzi abangakuthi kunabangakubo.” ‘Yabona?

Waze uGehazi wabhekabheka, wathi, “Andiboni mntu.”

<sup>52</sup> Wathi, “Nkosi, Thixo, vula amehlo ala mfana.” Aze amehlo akhe avuleka, kwaye zonke ezo nduli zazizele ziiNgelosi neenqwelo zihleli jikelele, iMikhosi engabonakaliyo.

<sup>53</sup> U-Eliya wahamba kanye waphuma apho, kwaye iBhayibhile ithe, “Wababetha ngobumfama.” Waphuma waya kubo; babeziimfama bengamboni. Waphuma wathi, “Nikhangela u-Eliya?”

Bathi, “Ewe, sikhangela yena.”

<sup>54</sup> Wathi, “Yizani, ndizakunixelela apho akhoyo,” wabakhokelela kanye ekuhlaselweni, wabasa kuloo ndawo kanye yayiphuma kuyo imikhosi yabafumana.

<sup>55</sup> Ngoku, iBhayibhile ithe, “Wababetha ngobumfama.” Oko kuphelele apho. Kwaye abantu baziimfama kakhulu ngokomoya namhlanje, nangona iNkosi uThixo ihlile phakathi kwabantu yenza nantoni na, nezinto Eyazithembisayo, abanakuYibona unangoku. Bazimfama ngokwasemoyeni; abamazi uThixo, abawazi aMandla aKhe amakhulu. Ngoku, siqaphela ukuba benza loo nto ngemihla ka-Eliya, kwaye

basayenza namhlanje. UThixo ubabetha ngobumfama. Batsho, ukuthi, “Akukho mimangaliso, akukho nto ilolo hlobo, konke oku kuyimihlali.”

<sup>56</sup> Kwaye bathetha kwaloo nto ngo-Eliya, ngokuba ekuthathweni kwakhe enyuswe aze u-Elisha athabathe indawo yakhe, umfana, wanempandla esemtsha, abantwana baphuma balandela emva kwakhe, bathi, “Mpandla endala, kutheni unganyukanga no-Eliya nje?” ’Yabona, babengakholelwa kuloo Nto ekuqalekeni, abantu, emva kokuba izinto ezininzi kangako zazenziwe. Kwaye le ndoda inkulu yakwaThixo yayitshintshiwe yangeniswa eZulwini ngenqwelo yomlilo, kwaye abantu babengekakholwa kuloo Nto. Baze bayeka abantwana babo babaleke emva kwale ndoda besithi, “Mpandla endala, kutheni unganyukanga nje?” ’Yabona? Waze ke umprofeti wabaqalekisa abo bantwana, ibhere eyimazi yabulala amashumi amane anesibini abo.

<sup>57</sup> Ngoku qaphela. Namhlanje, njengokuba kwakunjalo ngoku, babeka eyabo ingcaciso kwiLizwi. Ngoku, ukuba bafuna ukuyenza loo nto, kuxhomekeke kubo oko, kodwa bazama ukwenza thina sikholelwe kuloo nto. IBhayibhile yatsho ukuthi, “Eli Lizwi likaThixo alizi ngokuzicombululela.” UThixo uZitolikela ngokwaKhe. UThixo uyalinqinela iLizwi laKhe, kwaye yiloo ndlela aLicacisa ngayo. Njengokuba ndatshoyo ngamaxesha amaninzi, Wathi ekuqalekeni, “Makubekho ukukhanya,” kwabakho ukukhanya. Loo nto ayiswele kutolikwa. Yenzeka. Wathi, “Intombi iyakumitha,” yenza njalo. Wathi Uya “kuthulula uMoya waKhe,” Wenza njalo. Kwaye Wathetha, “ngemihla yokugqibela,” izinto Ayakuzenza, kwaye Uyazenza! Loo nto ayiswele kutolikwa; uThixo uZitolikela ngokwaKhe. Akunamsebenzi oko kuthethwa ngabantu abanobudenge, loo nto ayimisi uThixo nakancinane.

<sup>58</sup> Xa uYesu wayesemhlabeni, Wahlangana nokungako ukungakholwa ngokude kulingane noku sinako namhlanje, kwaye mhlawumbi kungangaphezulu. Kodwa akuzange kuMmise; Wahamba eqhubela phambili ukwenza nokuqhuba umsebenzi waKhe, noThixo engqingqinela yonke into Awayeyenza. Wathi, “AndiNdedwa. UBawo naM sibanye; Yena uhleli ngaphakathi kuM. AsindiM oyenzayo imisebenzi, nguBawo lo uhleli ngaphakathi kuM. Kwaye ukuba Andiyenzi imisebenzi yaKhe, ngoko ke musani ukukholwa ndiM; kodwa ukuba Ndiyayenza imisebenzi nibe ningenakukholwa ndiM, kholwani yimisebenzi.” ’Yabona? Ngamanye amazwi, bona...” Ziphengululeni iZibhalo,” Watsho, “kuba kulapho nicinga ukuba ninoBomi obunguNaphakade khona, kungokwazi iZibhalo. Kwaye iZibhalo, ngokwaZo, ziyangqina ngaM.” Amen! Yenjani intetho! “Zizo kanye, iZibhalo, ezinixelela ukuba ndinguBani na Mna,” watsho uYesu.

<sup>59</sup> Kwaye ziZibhalo ezinixelela iyure esiphila kuyo. Nezinto enizibona zisenziwa, nguThixo ngokwaKhe ephakathi kwabantu baKhe. Akukho nto inokuvusa abafileyo ingenguye uThixo. Akukho nto inokuzenza ezo zinto Azenzayo ngoku ingenguYe. Kuba iBhayibhile ithe, “Isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade.”

<sup>60</sup> Ngoku sibona umzila wangoku wabantu, ngoko, “Owu, iintsuku zemimangaliso zidlule, akukho nto injengemimangaliso. Abantu bonke bangenwe yimihlali.”

<sup>61</sup> Phula phula kuloo Eliya, umprofeti, ekhwaza ngokuchasene nabo nezifundiswa zelizwi zabo. Qaphela, qaphela, wathetha ngokungathi wayenguThixo ngokwaKhe. U-Eliya wathetha ngokungathi wayenguThixo ngokwaKhe, “Umbethe awusayi kuwa uhle eZulwini ndide ndiwubize.” Amen! Ewe, mhlekazi. Umprofeti wayehleli ithuba elide kakhulu kuBukho bukaThixo!

<sup>62</sup> Abaprofeti beTestamente eNdala, okanye lonke ixesha, xa babephila Phambi koThixo ngokokude babe liLizwi, uMyalezo wabo uliLizwi ngokwaLo. Kwaye, khumbula, wathi, “ITSHO INKOSI.” Kwaye xa loo madoda ayenaloo miyalezo ivela kuThixo, aze abuye egutyungelwe kangako ngokokude okwawo ukucinga... Inokuba loo nto yayichasene nengcinga yawo, isenokuba ingakwazi uku—ukubona ngokukuko. Kodwa ayethetha iLizwi likaThixo, “ITSHO INKOSI.”

<sup>63</sup> “Akusayi kubakho mvula ndide ndiyibize.” Owu, yenjani intetho leyo! WayekuBukho bukaThixo kwaye wayengqinelwe ngokugqibeleleyo kanye. Kwaye, khumbula, kananjalo oko kulandelwa ngu-Amos 3:7, “INKOSI uThixo ayikhe yenze nto ingathanga kuqala Iyityihile kubakhonzi baYo abaprofeti.” Wathi, “Akusayi kubakho namvula inayo!” Wathi kuqala...

<sup>64</sup> Bamhleka, bacinga ukuba wayephambene, “Laa mbaxi!” Kodwa, yabona, wayeno-ITSHO INKOSI ukuba yayingasayi kuna. Kwaye, uThixo, phambi kokuba ayenze loo nto, Wayityihila ku-Eliya isicaka saKhe. Kwaye wayengqinelwe, engumprofeti oqondakalisiweyo, ngoko abantu babemelwe kukuguquka. Kodwa, endaweni yaloo nto, bamhleka, bathi, “Owu, sinemvula eninzi! Amadama okugcina amanzi azele. Imilambo ibaleka kakuhle.”

<sup>65</sup> IBhayibhile itshilo ukuba, “Akuzange kubekho nombethe isithuba seminyaka emithathu enenyanga ezintandathu.” Yonke imifula nemilambo yoma, kuyo yonke indawo. Yayingengomntu lowo, yayinguThixo ethetha ngaloo ndoda. Yayingu “ndinguYe” eyayinguye. Sihlala siyazi loo nto. Ngoko yena...

<sup>66</sup> Sifumanisa ukuba xa le ndoda isiza, ithunyelwe isuka kuThixo, imiselwe nguThixo, ino-ITSHO INKOSI wenyaniso,

umyalezo nomthunywa bayinto enye kanye. Ngokuba ithunyelwe ukuza kumela u-ITSHO INKOSI, iLizwi neLizwi, ngoko yona nomyalezo wayo yinto enye.

67 Indoda yehlelo phantsi kweempembelelo zobuhlelo, iyiyo nebandla layo yinto “enye.” Isifundiswa sasezakwalizwi phantsi kwemfundo yezakwalizwi, eyenziwe lihlelo elithile, isiso nomyalezo waso yinto enye; imfundo yezakwalizwi yecawe, isifundiswa sezakwalizwi. Ichanekile loo nto.

68 Ngoko xa indoda isiza no-ITSHO INKOSI, yona noMyalezo yinto enye. Kwaye ngethuba u-Eliya weza no-ITSHO INKOSI, yena noMyalezo wakhe baba banye. Kanye njengoYesu, xa Wezayo, WayeliLizwi, uYohane oNgewele 1. Ngoko iLizwi likaThixo nomthunywa wesigaba yayiyinto enye kanye, lonke ixesha. Kunjalo.

69 UYesu wayeliLizwi elaliprofetiwe. Wayekoko abaprofeti bathi kuyakwenzeka, “Intombi iyakumitha izale lo Mntwana.” Kudala kakhulu ekuqalekeni, uThixo wabaxelela, wathi, “IMbewu yomfazi iyakuyityumza intloko yenyoka, ize yona iyityumze isithende sakhe.” Zonke iziprofeto zazimelwe ukukhutshwa. UDavide wakhala, bonke abaprofeti ukuhla kwezo zigaba zexesha, bethetha ngaYe. Yayinguye elo Lizwi libonakalalisiwe! Haleluya!

70 Ngoku uyabona ukuba ndizama ukuya phi na? Ndithethe nani ngokucace kakhulu ngale ntsasa. Niyabona ukuba igunya likaThixo ophilileyo likwiBandla eliphilileyo, uMtshakazi? Abagulayo bayaphiliswa, abafileyo bayavuswa, iziqhwala ziyahamba, iimfama ziyabona, iiNdaba ezilungileyo ziyaphuma kumandla aZo, kuba uMyalezo nomthunywa yinto enye. ILizwi liseBandleni, emntwini.

71 ILizwi likaThixo laliku-Eliya ekunyukeni kwakhe apho eno-ITSHO INKOSI, wathi, “Ayisayi kuna.” Yayingengo-Eliya lowo; yayinguThixo engaphakathi ku-Eliya.

72 Nditsho amaxesha amaninzi, njengokuba inenekazi leNzululwazi loBukristu lakhe landixelela ngaxesha lithile. Ndikhe ndayibalisa amaxesha amaninzi loo nto. Lathi, “Mnu. Branham, uqhayisa kakhulu ngoYesu.”

Ndathi, “Ndiyathemba ukuba iyakuba yiloo nto yodwa endiyakuphendula ngenxa yayo.”

Laze lathi, “Uzama ukuMenza onguThixo.”

Ndathi, “WayengonguThixo.”

73 Lathi, “Owu, Wayengumprofeti, Wayeyindoda elungileyo, kodwa Wayengenguye onguThixo.”

74 Ndaze ndathi, “Kulungile, ndibonise iSibhalo sibe sinye esithi Wayengenguye.”

<sup>75</sup> Lathi, “KwiNcwadi kaYohane oNgcwele, kuthiwa Wa‘lila’ xa Waya kwingcwaba likaLazaro.”

<sup>76</sup> “Kulungile,” ndathi, “ngokuqinisekileyo, Walila. Wayekuko kokubini umntu nonguThixo. Wayengumntu, elila; kodwa Wanyanzeleka ukuba abe nguThixo ukuze avuse ofileyo.” Injalo loo nto. Ndathi, “Wayengumntu, elabile; kodwa WayenguThixo edlisa amawaka amahlanu, ngamaqebengwana ambalwa nentlanzi ezintlanu.” Injalo loo nto. “Wayengumntu, elele phaya emva esikhepheni; kodwa yayinguThixo ongaphakathi kuYe owayenokuzolisa amanzi.” Kuba kutheni? Yena noMyalezo waKhe babebanya.

<sup>77</sup> Wathi, “Mna noBawo waM sibanye. UBawo wam uhleli kuM.” Wayeyinzaliseko yeNtloko-buthixo ngokomzimba.

<sup>78</sup> Ndiyacinga ukuba yayisothusa kakhulu loo nto ngenye imini, xa ndandizisa *Izigaba Ezisixhenxe Zebandla*. Ukuqalisa ngaloo nto, a—andizange ndibe nakumkhupha uYesu emi apho enezoo...enobo bumhlophe phezu kwaKhe bunjalo, ithe, “Inwele zakhe zazimhlophe njengoboya bezimvu.” Andizange ndibe nakuyiqonda into yokuba indoda enamashumi amathathu anesithathu eminyaka ubudala ibe mhlophe okwekhephu.

<sup>79</sup> Ndatsalela umnxeba isifundiswa sezakwalizwi esilungileyo, isifundiswa sezakwalizwi sakwaMoya, ngumhlobo othandekayo olungileyo. Ke, yayinguMzalwana uJack Moore. Ulumkile, yindoda eyingqondi. Wathi, “Mzalwana Branham, yayinguYesu lowo esebuqaqawulini. Nantso into Eyamenza ukuba abenjalo emva kokuba Esebuqaqawulini.” Hayi, andizange ndikholwe yiloo nto. Hayi.

Nda—nda—ndathi, “Kulungile, Mzalwana Moore, enkosi.”

<sup>80</sup> Ndangena egumbini apho ndaqalisa ukuthetha noThixo. Ndathabatha isalathisi sam ukuze ndiMbuyisele emva kuDaniyeli, apho ithi, “Waze weza uNyange leMihla Owayenenwele ezimhlophe okoboya bezimvu.” Ndathi, “Nkosi, a—a—andiyazi into emandiyithethe, kwaye ndinoxanduva.” Ngoku, ngoko kwakuphambi kwasi-...kwaye ndiyakhumbula, phambi kwaMatywina aSixhenxe ukuba avulwe, malunga nonyaka okanye ngaphezulu, ngaphambili. Ndandithandaza apho, “Nkosi, yintoni le?”

<sup>81</sup> Ndaze ndakhangela, kwakumi phambi kwam, kwakumi apho phambi kwam indoda kwaye yayingumgwebi, yabe ithwele isigqubuthelo esimhlophe. Ijaji ezindala zemihla yakudala zazidla ngokuthwala isigqubuthelo senwele ezimhlophe ukubonisa ukuba zaziligunya eliyintloko.

<sup>82</sup> Ke ngoko xa ndabona uYesu enesigqubuthelo esimhlophe, ndathi oko kungqina inyaniso esiyaziyo, yokuba Yena

uliGunya eliyiNtloko. UThixo wangqinela kwaloo nto inye kwiNtaba yoTshintsho, wathi, “Lo nguNyana waM oyintanda, mveni Yena, iGunya eliyiNtloko.”

<sup>83</sup> Ngoko phaya emva ekuqaleni kwaMatywinwa aSixhenxe, xa ezo Ngelosi zisixhenxe zehlayo zikula mo yephramidi, zema apho zandixelela ukuba ndibuyele apha ndize ndithethe loo Matyinwa aSixhenxe, kwaye Uyakuba nam. Wandibonisa into awayeyiyo, izinto ezazilahlekile. Ndandisoloko ndicinga ukuba ayetywinelwe ngemva eNcwadini kwaye engeyonto eyayibhalwe ngaphakathi eNcwadini, kodwa ajikela ekubeni oko kwaziswe ukuba Akanakuyenza loo nto. Asiyinto ithile ingabhalwanga eNcwadini. . . Yinto ebifihliwe eNcwadini. “Kuba oyakuthi asuse iGama libe linye kuYo okanye ongeze igama elinye kuYo. . .” Ngoko yimfihlelo ebiseNcwadini kwezi zigaba zisixhenxe zebandla. Ngasinye kuzo savelisa i—imfihlelo, konke ngobhaptizo lwamanzi nezinye ezi izinto bathi bamfamfatha malunga nazo ixesha elide kangaka.

<sup>84</sup> Yaze yathi yakunyuka loo nto amaziko amakhulu okuhlola isibhakabhaka asezantsi eCalifornia, ezantsi kanye eMexico, ngaphaya eTuscon, kuyo yonke indawo, bethabatha umfanekiso waLo. Yayingumbono osisimanga. UMzalwana Fred Sothmann lowa, uhleli phaya emva, kunye nam noMzalwana uGene Norman, omi phaya emva babekho ukunyuka kwalo. Bawuthabatha umfanekiso, nangoku abakazi nto malunga naloo nto. Apha kwixesha elithile elidlulileyo, wonke umntu wayesithi, “Khangele apha. Oku kukhangeleka *kanje*, namaphiko ezo Ngelosi, indlela asongeke ngayo apho.”

<sup>85</sup> Ngenye imini, ndilijikela ngasekunene, yayinguye lowo uYesu Kristu ngokugqibeleleyo kanye njengokuba uHofmann wathi waMzoba. Wayemi apho enesigqubuthelo esimhlophe entloko, ekhangele emva ezantsi ngasemhlabeni, ebonakalisa Yena uliGunya eliyiNtloko. AMazulu ayibabaza loo nto, iBhayibhile iyayibabaza, uMyalezo uyayibabaza. Yinto enye nje yonke. IGunya eliyiNtloko, enesigqubuthelo esimhlophe entloko; uyayibona intshebe yaKhe emnyama ngaphantsi. Abaninzi bakhe bawubona loo mfanekiso. Sinawo phaya emva. Wujikele nje ngasekunene, uwubhekise ecaleni, uwujonge. NguYe lowo, kanye ngokugqibeleleyo ngokungathi, ibiyifoto yaKhe. Bawujonga bewuvele kwicala elingelilo. Ufanele ukuba uwujonge uwuvele kwicala elililo. Kwaye yiNKosi uThixo kuphela enokutyhila ukuba leliphu na icala elilungileyo. Yijikele ngasekunene kwakho ukhangele kuyo. NguYe lowo, ngokugqibeleleyo kanye, ngokungathi ibifotwe phaya phezulu.

<sup>86</sup> Kwityeli lokuqala ndiMbona, Wakhangeleka njenge*Ntloko ka*. . . Hofmann. Ndandingazange ndiyibone ngaphambili. Kwaze kumnquba kaBilly Sunday, kwiminyaka emva koko, ndayibona. Indlu yam ayizange yahlukane nokuba nomnye waloo mifanekiso ukusukela ngoko.

<sup>87</sup> Ngoko, apha esibhakabhakeni, oko kuthetha ukuthi kwaloo Thixo ndambona apha phezulu kulo mbono apha phandle, ndiyinkwenkwe encinane nje apha phandle ngakulaa ndawo imi kuyo le ndlu yesikolo, Wayekhangeleka ngolwa hlobo. Kwaye naku eMazulwini, kwiminyaka engamashumi amathathu anesithathu eminyaka emva koko, eyicacisa loo nto, ukuba iyinyaniso. Yindlela Akhangeleka ngayo leyo; akukho nanye into eyimfihlelo yembono yomntu othile.

<sup>88</sup> NjengaseVatican, banaye u—u—uKristu ozotyiweyo phaya phezulu, enentshebe encinane emhlophe esisangqa okanye isangqa sentshebe esijikeleze isilevu saKhe, esimalunga nesiqingatha se-intshi ubude, sijikeleze umphezulu womlomo waKhe nangolu hlobo, babiza loo nto ngokuba nguKristu.

<sup>89</sup> Loo nto indifaka kwingqondo yomzobi womGrike endakhe ndawubona ngaxesha lithile kwiholo yakudala, ebonisa into u-Adam no-Eva ababekhangeleka ngayo; babekhangeleka ngokwezilo okanye into ethile. Nantso into ingqondo yenyama enokuyicinga ngento ethile yomoya. Ndinga ukuba u-Adam wayeyona ndoda intle yakhe yaphila, no-Eva wayengumfazi ogqibeleleyo ngayo yonke indlela.

<sup>90</sup> Ngoku ingqondo yenyama iqokelela loo Nto kwimbono ezizezabo, ngoko uThixo uthumela atyhile loo Nto ngaMandla aKhe. Yiloo nto kanye eyenzekayo apha ngemihla ka-Ahabhi.

<sup>91</sup> Ngoku, sifumanisa ukuba u-Eliya wayenako ukuyithetha loo nto ngokuba uMyalezo weyure neLizwi likaThixo... Umthunywa, uMyalezo—uMyalezo, neLizwi, laliyinto enye ngokuchanekileyo. Umprofeti, iLizwi, uMyalezo; umthunywa, uMyalezo, noMyalezo, yayiyinto enye. UYesu wathi, “Ukuba andiyenzi imisebenzi ebhaliweyo ngaM, ngoko musani ukukholwa ndiM.” Ilungile loo nto. Nayiphi na indoda nomyalezo wayo iyinto enye.

<sup>92</sup> Kungoko namhlanje bengakholwa nje ekwenziweni kwemisebenzi kaThixo, kungokuba abawamkeli uMyalezo kaThixo. Abawukholelwa uMyalezo.

<sup>93</sup> Kodwa kwabo bakholwa kwiyure kaThixo esiphila kuyo, ezi zinto zikuKudla okufihliweyo. Cinga nje, uThixo waYifihla kangako ngokokude bajonge kuYo kanye baze bangaYiboni. Kuyindlela enye awathi ngayo u-Eliya wawumfamekisa umkhosi wakwaSamari. Kuyindlela enye athi ngayo uThixo amfamekise ongakholwayo kuKudla kwenene okukuko komntwana, ikholwa.

<sup>94</sup> Bambiza uNowa, “Ngoyibaxayo,” esakha umkhombe, amehlo akhe ayevulekile kwiLizwi likaThixo nedinga. Kwaloo nto babeyibiza ngokuba kukuyibaxa, yamsindisa uNowa nosapho lwakhe. Yabona, kwaloo nto inye. Loo nto abantu bayihlekayo, yile nto sithandazela yona. Loo nto abantu bayibiza ngokuba “yimpambano,” siyibiza ngokuba



“Ibalulekile!” Loo nto ihlabathi liyibiza ngokuba “ibalulekile,” uThixo uyibiza ngokuba “Bubudenge!” Kwaye oko ihlabathi likubiza ngokuba “bubudenge,” uThixo ukubiza ngokuba “Kubalulekile!” Kukuphikisana nje kanye phakathi kokuLungileyo nokubi. UYesu Kristu isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade.

<sup>95</sup> Khumbula, waya kungena kwindawo efihlakeleyo yakhe ngecebo likaThixo, ngobizo lukaThixo, neLizwi likaThixo. U-Eliya wangena kwindawo yakhe efihlakeleyo ngolwazi lwangaphambili lukaThixo (icebo), nobizo olwaluphezu kobomi bakhe, nangokweLizwi. Ukuba leyo asiyondlela singena ngayo, andazi ukuba sifika njani na phaya.

<sup>96</sup> Kwaye qaphela, phambi kokuba imbalela iqalise, u-Eliya waya kungena kule ndawo yokufihlakala ngenxa yokuphila kwakhe. Umzekelo kanye wokuba phambi kokuba umgwebo uqalise ukuntlitha ihlabathi, iBandla sele likhutshiwe, uMtshakazi sele ekhethiwe, kwaye ulindile nje phambi kokuba uMgwebo uhlasele. Sele elindile, esidla uKudla kukaThixo, onwabele iintsikelelo zikaThixo. Nawuphi na umntu okwiingqondo zakhe ezipheleleyo uyazi ukuba sijonge khona kanye, sikwiyure yomgwebo kanye.

<sup>97</sup> Khangela! UMzalwana uBanks, abaninzi baloo madoda balapha ngokuhlwanje, babemi phaya phandle kuloo ntaba ngaloo ntsasa.

<sup>98</sup> Kwaye ndifuna ukuthetha malunga naloo ntaba, kwiCawe ezayo kusasa, iNkosi ithandile. Ndinesityhilelo esikhulu, into ethile ethe chatha endingenako eneneni ukungayixeli ngokuhlwanje. Kodwa ndine . . . 'Yabona? Kwaye isoloko njalo nje, lonke ixesha, into enye yenzeka emva kwenye. 'Yabona? Ayisayi kupheza ukwenzeka, kuba ingu ITSHO INKOSI.

<sup>99</sup> Mntu ngamnye kuni apha, amawaka aphindwe ngamawaka ayakuba sekhasethini, andive ndimi ndisithi, “ITSHO INKOSI, kuyakuba nje nanje.” Kwaye namaphepha-ndaba noolindixesha babemelwe kukuxela ukuba kunjalo. Abazi ukuba oko kumalunga nantoni na, kodwa bakubonile. Abayazi ukuba yintoni na, kodwa bayibonile isenza iLizwi liyinyaniso ngokuchanekileyo.

<sup>100</sup> Simi apha ezantsi phezu komlambo, laa Ngelosi yeNkosi yehlayo ngalaa mini, kumashumi amathathu anesithathu eminyaka, okanye ngowe-1933 kwakungoko, yehla yathetha izinto eyazithethayo. Ndaphuma, aye amadoda amininzi emi phezu konxweme apho, athi, “Bekuthetha ntoni oko, Billy?”

<sup>101</sup> Ndathi, “Oko bekungekho ngenxa yam; bekungenxa yenu. Ndiyakholwa mna; nina anikholwa.” Ndaze ndahamba nje ndabheka phambili.

<sup>102</sup> Ngoko umlungiseleli wathi kum, wathi, “Uthetha ukuba wena, unodidi lwesixhenxe lwemfundo, uyakuya kulo lonke ihlabathi uthandazele abaphathi nabalawuli nookumkani nezinto ezinjalo? Kwaye, owu,” Wathi, “libala ngaloo Nto!”

<sup>103</sup> Andizange ndibe nakuYilibala, yaYikrolwe phezu kwentliziyo yam. Ngoku apha, kumashumi amathathu anesithathu eminyaka emva koko, yonke into Awayithethayo yenzeke ngokuchanekileyo ngaloo ndlela Wathi Uyakuyenza ngayo. UnguThixo kwaye akanakusilela. Uhlala njalo egcina iLizwi laKhe. Yena . . .Musa ukuLithandabuza.

<sup>104</sup> Ngoku, qaphela, wangena ngecebo likaThixo (ulwazi lwakwangaphambili), ubizo lukaThixo, neLizwi likaThixo, waya wangena ngaphambi kokuba imbalela ingene.

Ngoku, siyazi ukuba loo mgwebo ulindele ukuntlitha.

<sup>105</sup> Ndimi phaya endulini ngaloo mini, uMzalwana Banks Woods omi apha, sasihamba sinyuka induli. Mhlawumbi ndinokuyicaphula kwakhona, ukuze ibe nokwakha ukholo lwenu ukulungiselela lo mgca wokuthandazela uzakwenzeka kweli shumi lilandelayo, ishumi elinesihlanu lemezuzu. Ndandihamba nje phambi koMzalwana uBanks. Yena waye . . . Ndiyacinga ukuba wayeshiye uDade uRuby xa wayegula. Wabe yena esiza emva kwam, ndaze ndaqaphela ubuso bakhe, bubomvu. Ndakhangela ngemva. Ndacinga ukuba induli inokuba inzima kuye ukuyinyuka, ngoko ndaba buyekelela. Kanye phakathi kwezo ntlango, phezulu phaya ezindulini *ngolo hlobo*, kanye apho iNgelosi zeNkosi zavela khona. Sasijonge kwelo cala ngoko, apho zavela khona kwiinyanga ezimbalwa ngaphambi koko.

<sup>106</sup> Njengokuba ndandinyuka induli ke, uMoya kaThixo . . . Ndathi ndakujika ndijonge ngemva, ndakhangela encotsheni yentaba, Wathi, “Thabatha ilitye, uze uthi, ‘TSHO INKOSI uyakubona uBuqaqawuli bukaThixo kwiinyure ezimbalwa ezilandelayo.’”

<sup>107</sup> Ndachola nje ilitye, ndathi, “Mzalwana Banks, andazi ukuba kungenxa yantoni na,” ndaliphosa emoyeni, ndathi, “TSHO INKOSI, uyakububona uBuqaqawuli bukaThixo.”

Wathi, “Ingaba oko kuthetha uRuby?”

<sup>108</sup> Ndathi, “Hayi, andicingi ukuba oko kunento yokwenza nawe, Banks okanye uRuby, nawuphi na. Ndicinga nje ukuba Ibikukuthetha nje, “TSHO INKOSI, kukho into eyakwenzeka.”

<sup>109</sup> Kwathi ngentsasa elandelayo xa sasimi apho, amaninzi aloo madoda, andazi ukuba mangaphi na ahleli apha ngoku, kwakukho ishumi elinesibini okanye ishumi elinesine, ishumi elinesihlanu lethu sihleli apho. Kwathi ngequbuliso,

umlungiseleli othile wenyuka weza kum wathi, “Mzalwana Branham,” wathi, “igama lam ndingu *Zibani-bani*.” Wathi, “Bendingomnye wabaxhasi bakho eCalifornia.”

<sup>110</sup> Ndathi, “Ndiyavuya ukuhlangana nawe, mhlekazi.” UDouglas McHughes. Wathi, “Ndi...” Ndathi, “Ndiyavuya ukuhlangana nawe.” Ndabambana isandla naye.

<sup>111</sup> Wathi, “Ke, ngoku, ndifuna ukukubuza umbuzo.” Wathi...URoy Roberson, ongosayinela izimali apha; uMzalwana Woods, uTerry noBilly, no, owu, uMzalwana uMcAnalley, kwaye andazi ukuba yayingobani na bonke ababemi apha. Nam...Wathi, “Ndifuna ukukubuza into.” Wathi, “Ingaba iNkosi yakhe yakunika imibono emaphandleni ngolu hlobo?”

<sup>112</sup> Ndathi, “Ewe, mzalwana, kodwa ndiphuma apha ukuzama nje ukumka kuyo, ukuze ndiphumle.”

Ndaze ndabhekabheka *kanje*, ndabona ugqirha omkhulu ejonge kuye, wathi, “Mfu. McHughes, okungavumelani nezinto ezithile kukwiliso lakho kuyakuliphanyaza iliso lakho kamsinya. Ndibe ngugqirha wakho isithuba seminyaka emibini, kwaye akukho nto ndinokuyenza ngalo.”

Ndaze ndajika ndajonga kuye. Ndathi, “Yintoni obundibuzela yona loo nto, ugqirha wakho ukuxelele, ngenye imini, ‘oko kungavumelani nezinto ezithile kwelo liso lakho.’” Kwakukwizulu yemini, malunga nentsimbi yeshumi elinanye, kwaye wayenxibe iindondo zamehlo. Ndaze ndathi, “Isizathu; awuzinxibanga ngenxa yokuba kulilanga, kungenxa yeliso lakho. Ukuxelele ukuba uya ‘kulahlekelwa lelo liso.’”

Waze waqala ukulila, wathi, “Injalo loo nto.”

<sup>113</sup> Ndajika kwakhona, ndiphethe umhlakulo esandleni. (Ndaze ndakhangela; ndambona emi apho ejonge kum, amehlo akhe ekhanya nje.) Ndathi, “Kodwa ITSHO INKOSI, awusayi kulahlekelwa lelo liso.” Bendizingela naye kobu busika buphelileyo, ubona ngcono kunam naye nabani na kwelo qela. Akazange...

<sup>114</sup> Kwaye ndabona inenekazi elidala lithoba iikawusi zalo linyusa icala lelokhwe engumbhinqo yalo. Lathi, “Nyana, ukuba ubone uMzalwana uBranham, uzumxelele athandazele inyawo lam.” Ndaze ndajonga phantsi apho, kwaye elincinane...kwakhangeleka ngathi lithumba elincinane lijinga kwinyawo lalo, jikelele.

<sup>115</sup> Ndathi, “Umama wakho ulinenekazi elingwevu. ‘Nyana wam,’ uyabona. Ukuxelele phambi kokuba uhambe, ukuba undibonile, ndize ndithandazele inyawo lakhe. Unethumba elincinane, into enjalo, ejinga elunyaweni lwakhe.” Waphantse waqleka.

Wathi, “Yinyaniso leyo.”

Ndathi, “Mxelele ukuba angahlupheki. Liyakuphila.”

116 Ndaqala ukujika. Ndaze ndeva iZwi likaThixo lithetha, lathi, “Suka endleleni, ngokukhawuleza.”

URoy Roberson wayemi apho, ndisazi ukuba wayengumakhwekhwethe wemfazwe, ndabeka isandla sam egxalabeni kuye, ndathi, “Mzalwana Roy, zimela, ngokukhawuleza kangangoko unako!”

Wathi, “Kwenzeka ntoni?”

Ndathi, “Suka endleleni! Zimela!”

117 Wathi nje ukuba siqale ukuhamba sijikela, ndabeka phantsi umhlakulo wam, ndajika ndajikela, ndothula umnqwazi wam. Nako Esiza, uBuqaqawuli bukaThixo busihla bukwisaqhwithi esakrazula icala lentaba laphuma ngolwa hlobo, sadubula sashukumisa loo ndawo ngolo hlobo, sanqumla iintloko zemithi zesuka; malunga nje nesithathu okanye isine, isihlanu seenyawo entla kwentloko yam. Yabuyela umva yenyuka njengesikhawu esinjeya; yadubula kwakhona. Kwaye, nantso isiza, amatyeli amathathu.

118 Kwaze kwathi Yakumka, kwityeli lesithathu, uMzalwana Banks weza ngeneno, wathi, “Yilaa nto ubuthetha ngayo?”

Ndathi, “Ewe.”

Wathi, “Ibiyintoni?”

119 Ndathi, “UThixo uvela ekwingqwithelo.” Ndandingazi nokuba Wayefuna na ukuba mandibaxelele abantu okanye hayi.

120 Ngoko ndahambela phambili ndaze ndathandaza kancinane. Ngoko Wandixelela ukuba ndingabaxelela. Ndathi, “Ngumgwebo untlitha uNxweme lwaseNtshona.” Yijonge namhlanje! Khangela ukuba kwenzeka ntoni na kwiiyure ezimbalwa emva koko; i-Alaska yazika. Ke ngoku iyonke loo nto itshona ngaphantsi. Singena emgwebeni. Inceba yaliwe.

121 Kodwa makubulelwe kuThixo, sinoKudla okufihliweyo, okukokomoya, ukuze sibe siphila ngokulunga nenceba yesityhilelo sikaYesu Kristu kule mihla yokugqibela, eZingqinela phakathi kwabantu baKhe. Amen! Bangena. U-Eliya wangena apho ngaphakathi ngaphambi kokuba ingene imbalela. Sibulela uThixo ngokuba singene ngaphambi kokuba uMgwebo ugene. Ngoku lixesha lokuphuma nokungena, ukuphuma kuloo mibutho kungenwe kuKristu, ixesha lokuphuma nokungena kumakholwa enyaniso.

122 Ngoko wabizwa, waza wahlala apho ngaphakathi. Khumbula, akazange awushiye loo mlanjana wade uThixo wambiza.

123 Kwaye emva kokuba imbalela idlule, Wambiza wamkhupha apho, wamhlisela kwindlu yomhlokokazi.

Qaphela, Wabiza loo mhlokokazi. Kwaye loo mhlokokazi wayengazange wazihlanganisa nabangakholwayo; athabathe uphawu lwerhamncwa ngexa lembalela. Ngoko Yena wambiza wamkhupha...Wabiza u-Eliya ukuba abe nokugcina loo mhlokokazi ephilile. Babeneqebengwana nje elinye, into encinane awayebambelele kuyo. Kwaye u-Eliya wathi, “Yipha mna, kuqala. Kuba, ITSHO INKOSI, ukuthi umphanda awusayi kuphela negubu le-oli alisayi koma, kude kube yiloo mini iNkosi uThixo iyakuthumela ngayo imvula.” Ukubeka uThixo kuqala, iLizwi laKhe kuqala!

<sup>124</sup> Qaphela, kwakukho umphanda womgubo. Lonke ixesha wayesiya kukhangela umgubo, kwakubakho umgubo emphandeni. Kwakubakho i-oli kwigubu layo, njalo esiya kuyikhangela. Kuba? Umgubo wawumele uKristu kumnikelo wokudla. Amakhatshu ayemelwe kukumiswa kanye ngendlela, ukuze agutywe ngamanye. Khozo ngalunye lwalo mgubo kwakumele ukuba libe yinto enye ngokuchanekileyo, oko kubonisa ukuba Usekwanguye, izolo namhlanje, nangonaphakade. YayiliLizwi elo, iSonka soBomi silandela umyalezo, ukungqinela iLizwi.

<sup>125</sup> Kunjalo namhlanje, zihlobo. Kunjalo namhlanje, ukuba iSonka soBomi abathi abantwana badla kuso, silandela uMyalezo kaThixo, ukuze sibagcine bephilile ngexesha lembalela. Bekunokuthini ukuba Ebemi phambi kwethu namhlanje? Bekunokuthini ukuba Ebemi phambi kwethu kanye ngoku? Ebeyakusebenza enze ngokuchanekileyo kanye njengoko Wenzayo ngemihla Awayesenyameni apha phezu komhlaba. UMtshakazi uyinxalenye yoMyeni, iBandla liyinto enye noKristu. “Imisebenzi endiyenzayo Mna niyakuyenza nani.” Kwaye liLizwi elayenzayo. Wasixelela ukuba ezo zinto Wazenzayo siyakuzenza nathi.

<sup>126</sup> Siqaphela apha kwakhona, ukuba iLizwi lingaphakathi kuthi laye lizile kuthi, njengokuba Lenzayo ku-Eliya ngaloo mhla, liyakwenza kwa into enye awayenzayo yena, liyakondla ngeZinto ezifihlakeleyo zikaThixo ezifihliwe kwihlabathi. Owu! Kwakhona, oko kwenza uMyalezo noMthunye waye babebanye. UKudla okokomoya sele kulungile, kwaye Kungexesha elifanelekileyo lako ngoku. Kwaye mntu ngamnye kuni angakudla oku Kudla ukuba uyaKunqwenela, ukuba ulungele ukunyebelezela usuke kuko konke ukungakholwa kwale yure, ukuba ukulungele ukungena kuKristu, ungene kwidinga laKhe.

Kwaye khumbula izithembiso zaKhe kuMalaki 4, uLuka 17:30, kanaanjalo kuYohane oNgcwele 14:12 nezininzi kangakanani iZibhalo ezizezinye, ezixelayo, uYoweli 2:38, nako konke Awayeyakukwenza, okanye 2:28, gxebe, into Awayezakuyenza kwimihla yokugqibela. Nendlela umprofethi awatsho ngayo ukuba kuyakuKhanya kule mihla yokugqibela,

indlela Ekuyakusebenza ngayo, nento Ekuyakuyenza, zonke iZibhalo zikhomba kule mihla yokugqibela. Kwaye nguKristu lowo! Ukuba unokuzimela kuloo Nto ngoku, kuloo Ndawo ifihlakeleyo, ungasadla ubone ukulunga nenceba kaThixo. Ukuba uyagula, ikho impiliso apho.

<sup>127</sup> Niyakhumbula ngethuba u-Elisha, emva koko, wayebizelwe ezantsi...emva kwaloo mnikelo wokudla wayenawo, uKristu, waze wagcina indlu yaloo mhlolokazi iphilile ngaWo. Qaphela ekuhambeni kwexesha emva koko ngethuba wabiza umlilo wehla uphuma emazulwini, njalo njalo, waqondakalisa ukuthunywa kwakhe, nguThixo, uMoya womprofeti.

<sup>128</sup> Qaphela entlango, ngethuba wangqengqa apho phantsi komthi wamaqunube, iNgelosi yehla inohlobo olunye lokudla, yabhaka amaqebengwana yamondla. Kwaze kwathi emva koko kancinane Yamlalisa kwakhona, yaze yamvusa, yaye yayimphathele okunye ukudla kwamqebengwana apho. Kwaye wahamba ngamandla aloo maqebengwana apho isithuba seentsuku ezingamashumi amane. Uzuko kuThixo! Isekwanguye izolo, namhlanje, nangunaphakade. Owu, indlela eSimthanda ngayo, uKudla okukokomoya ngexesha Lako!

<sup>129</sup> “Akulunganga ukuthabatha isonka sabantwana usinike izinja.” Akazange athethe kwaloo nto uYesu kumfazi womSirofeni? Wayethunyelwe Kwabangabakowabo Buqu. Injalo loo nto. Kwaye ngabo Abo wayeze kubo...Akazange aye kwiiNtlanga.

<sup>130</sup> Ke ngoku namhlanje Utyelela iiNtlanga ngexesha lazo, kwaye akulunganga... .

<sup>131</sup> Uthi, “Kutheni ukuba loo Myalezo ungaphumi uye kwezi ndawo zinkulu nje, kwezi mvuselelo, njengaphakathi kwamahlelo?”

<sup>132</sup> AsikoKudla kwawo. Asilobandla, oko kubizwa ngokuba, kuKudla. KuKudla koMtshakazi. KuKudla okukokoMoya ngexesha elifanelekileyo. Kungabakruqula bona. Kutyebe kakhulu kubo. 'Yabona? 'Yabona? A—a—awunakuyenza loo nto. Kodwa, kubantwana, KusiSonka, kubuBomi, kunguYesu Kristu isekwanguye izolo, namhlanje, nangunaphakade.

<sup>133</sup> Sizakushiywa lixesha kakhulu ukuba asiqalisi umgca wokuthandazela ngoku, ngoko masithobe iintloko zethu okomzuzwana nje.

<sup>134</sup> Thixo othandekayo, uKudla ngexesha elifanelekileyo, uKudla okukokomoya. Into ethile elingazinto ngayo ihlabathi. Indlela esithe seva ngayo iNkosi yethu ithetha ngoba busuku, okanye ngalaa mini phaya ezantsi eSamariya, kwakuloo ndawo inye u-Elisha wenyuka waya kuyo wathi, “Kuba, umbethe awusayi kuwa ndide ndiwubize.” Nanko uYesu emi apho exelela abafundi baKhe.

Bathi, “Mfundisi, kutheni Ungadli nje?”

Wathi, “NdinoKudla eningazinto ngako.”

<sup>135</sup> Ngenene, Nkosi, uKudla kwaKhe yayikukwenza ukuthanda kukaThixo, ukubona imisebenzi kaThixo ibonakalalisiwe ngeyure yaKhe. Wayekho ukuze akubone oko kusenzeka. “Andenzi nto ngaphandle kokuba uBawo waM aNdibonise kuqala. Oko akwenzayo uBawo uyaNdibonisa, koko eNdikwenzayo.”

<sup>136</sup> Kwaye, Bawo, kunjalo namhlanje. IBandla, ikholwa lenene, uMzimba wamakholwa, unelungelo eKudleni, uKudla okukokomoya abathi abakho nje ngegama bangazinto ngako. Ihlabathi alinanto liyaziyo ngoku Kudla, Bawo. Kodwa iBandla laKho, abantu baKho, uMtshakazi woNyana waKho, uyaKuthanda.

<sup>137</sup> Sinelungelo kwimpiliso yemizimba yethu xa oogqirha besilele. Sinelungelo kule nto. Kokunye koKudla kukaThixo, Awathi wakunika iBandla laKhe, waze wathembisa ngako ngomhla wokugqibela kubantwana bakhe abakholwayo. Kwaye, Bawo, sincede ukuba sibe ngabantwana abakholwayo, kuba zonke izinto zinokwenzeka kwabakholwayo. Siphe oko, Thixo Othandekayo. Oko sikucela eGameni likaYesu. Amen.

<sup>138</sup> Ndiyakholwa ukuba uBilly undixelele ukuba bawakhuphile amakhadi athile okuthandazela. Ukuba kukho umntu onokundixelela ukuba nguwuphi na unobumba okwikhadi lokuthandazelwa, nantso kuphela into endiyifunayo. [Kukho umntu othi, “Ngu-C.”—Mhl.] C, kulungile. Masithabathe u-C, abemnye, ukuqalisa, ndide ndiqalise umgca wethu. 'Yabona, ngoku basenokuba kuyo yonke indawo. Ngoku, ukuba wonke umntu... Ke, 'yabona, ndiza kuzama le nto. Andazi nokuba sinokuyenza na okanye hayi okanye kungenjalo singanomgca wokubiza; nihlale nje nizole. Akunamsebenzi kum. Ukuba ningakhetha oko ukuze ninyuke nje nize apha eqongeni, okanye nibe nomgca wokubizwa, akunamsebenzi, nangayiphi na nje enye indlela. Ndixhomekeke nje ngokupheleleyo kulaa Moya uyiNgewe. Ndixhomekeke kuYe ukuze akhusele eli Lizwi ndilishumayeleyo.

<sup>139</sup> Mzalwana uGeorge Wright, ndiyakholwa liLo. Ukusukela ndiseyinkwenkwe encinane, ndisihla ndisiya kwindlu yakuni kwiminyaka emininzi eyadlulayo, ndiphulaphule laa ntakana indala ihleli emthini, ndisakholwa kwaloo Myalezo mnye. Ndiyakholwa ukuba Isekwanguwo.

<sup>140</sup> Kulungile, ndiyabona ukuba kuvuleka isithuba apha emva somgca wokuthandazela. Kulungile, ikhadi lomthandazo elingu-C, inani lokuqala, elesibini, elesithathu, elesine, elesihlanu, yizani kuqala nime kanye apha. Ukuba awukwazi kuphakama, ukuba ungaphakamisa nje izandla zakho, abanye

babo bazakuza bakuthwale. [Kukho umntu othetha noMzalwana uBranham—Mhl.] Yintoni? Ewe. Ehe. Ikhadi lomthandazo u-C, owokuqala, owesibini, owesithathu, owesine, owesihlanu. Ke ngoku qaphelani, nina ningenakhadi lamthandazo. . .

<sup>141</sup> Ngoku, andikhange ndibe namgca wokuthandazela wolu hlobo ithuba elide, ixesha elide. Bangaphi abawukhumbulayo umyalelo wam xa sasisakha lo Mnquba apha? Kwathiwa, “Umsebenzi womshumayeli weendaba ezilungileyo wenze.” Akuzange kuthiwe ndandingumshumayeli weendaba ezilungileyo. Kwathiwa, “Umsebenzi womvangeli wenze,” ’yabona, “kuba iyure iyakuza xa oko kuyakube kuguqulwe.” Loo yure iyafika. Kulungile. Ngoku, yile, Yena. . .

<sup>142</sup> Awunako ukuxuba ulungiselelo olubini okanye oluthathu luhlangane, ukwalusa nokuvangela, ngexesha elinye. Awunako ukuba ngu—ngumprofeti uze mhlawumbi ube ngumalusi, ngexesha elinye, ’yabona, kuba unemisebenzi eyahlukileyo, ulungiselelo olwahlukileyo.

<sup>143</sup> Kodwa iNkosi yandinika oko ndimelwe kukukwenza kuMyalezo wam. Kodwa ngoko Yathi, “Umsebenzi womvangeli wenze, luzalise ulungiselelo lwakho, kuba iyure iyafika apho bangayi kuyinyamekela iMfundiso ephilileyo.” Ukuba loo nto ayifikanga ngoku! Lonke ibandla lobuhlelo lindidanisile. Abanakuyinyamekela iMfundiso ephilileyo. “Kodwa ngokweenkanuko zabo bayakuzisa bangenise abafundisi abangababo, kwaye bayakujikela kwiintsomi. Kwaye bayakwenza izinto ezinkulu zokuphanga njengokuba uYambres noYanes bamchasayo uMosisi, kodwa ukungabinangqiqo kwabo kuyakubonakalaliswa.” ’Yabona? ’Yabona? Kulungile, ukulinganisa! Uyabona indlela awathi ngayo uYambres. . .

<sup>144</sup> Kwaye, uThixo oseZulwini uyazi, oko kuphaya kanye kwikona yelitye lala Mnquba ukusukela kowe-1933, kubhalwe ephepheni leBhayibhile, eliphaya kanye. Khangela indlela abathe bayenza ngayo loo nto. Khangela ukuba kwenzeke ntoni na. Ukulinganisa, ngokuchanekileyo kanye. Kwathiwa, “Bayeke, ukungabi nangqiqo kwabo kuyakwazeka kwangendlela enye ekwathi ngayo okukaYambres noYanes kwayiyo.” Naku sikuloo mhla.

<sup>145</sup> Ndalibona ibandla ngoko xa sasibeka nje ilitye lekona, abantu bebambelele kumangqameko eefestile jikelele, bemi bejikeleze iindonga zoMnquba. Nantso ke. Kwaye babesathi, xa kwavelayo oko, abantu besi sixeko silapha, bathi, “Kwisithuba seenyanga ezintandathu. . .” Thina sinedollar enye enamashumi asibhozo eesenti ukuze sakhe uMnquba, abaninzi babantu bomzi wokukhanda iimoto basele begqibe ekubeni yayiyakuba ngumzi wokukhandela iimoto wabo. Kodwa nangoku isebubuhlanti bezimvu beZimvu zikaThixo.



<sup>146</sup> Isinye, isibini, isithathu, isihlanu, isithandathu, isixhenxe, isibhozo, ithoba, ishumi. U-C wesithandathu, wesixhenxe, wesibhozo, wethoba, weshumi. Kulungile.

<sup>147</sup> Ngoku, “Mna Nkosi ndikutyalile, Ndiyakukunkcenkceshela imini nobusuku hleze kubekho okuyakuthi kunyothulwe kwisandla saM.” Khangela ekugxekweni! Akukho hlelo liLixhasayo. Akukho mabandla aLithandayo kweli lizwe jikelele. Akukho lakwa Moya kweli lizwe, akukho nto iyenye inokuLigcina liphila. Wonke umntu uchasene noBhaptizo lwamanzi, wonke umntu uchasene nazo zonke ezinye ezi izinto. Nosapho lwakuthi buqu, utata wam ngokwakhe wandigxotha endisusa emnyango, ndathabatha impahla yam ndayifaka kwingxowa encinane yephepha ndemka ndaya kuhlala eNew Albany. Kunjalo.

Kodwa kwingozi, ukusokola nemigibe,  
Sendiphumele;  
Lubabalo oluthe lwandizisa ndikhuselekile  
apha,

Ndisondela kumashumi amahlanu anesithandathu eminyaka ubudala, kwaye kwakutshanje ndimelwe kukuwela umlambo.

Ubabalo luyakundikhaphela phambili.

Xa sele ndilapho iwaka leminyaka,  
Ndikhanya ngokwelanga;  
Asiyi kuba nantsuku zimalwa zokucula  
iindumiso zikaThixo  
Ngaphezu kwaxa siqalisileyo.

Owu, indlela endimthanda ngayo uYesu! Ulilo lonke ihlabathi kum!

<sup>148</sup> Owu, kulungile, bangaphi endi... Ndigqibele phi, kwishumi? Singathabatha abangabanye abangaphezu koko? Kulungile, ibingubani, ishumi, ishumi elinesihlanu? Kulungile. U-C, weshumi ukuya kwishumi elinesihlanu, nokuba nipi na, ukuba unako ukuphakama ungene. Nithini? He? Kulungile. U-C, weshumi elinesihlanu ukuya kumashumi amabini, ngoko. Mayibe ngu-C, weshumi elinesihlanu ukuya kumashumi amabini. Ngoko iyakuba ngabantu abalishumi abangaphezulu. Siyabona... Niyabona—niyabona apho umgca umi khona phaya, asiba—asibaxinanisi. Kwaye siyaku... Kulungile.

<sup>149</sup> Ngoku ninake mna ngokupheleleyo; asizukuthatha thuba lide. Kodwa, ngoku, owu, yenjani iyure, lixesha elinjani! Ndi—ndinqwenela ukuba abe wonke umntu ebenokuyithanda iNkosi. Ndi—ndinqwenela ukuba sibe sonke nje besinokufika kwindawo yokuba siqonde okuqulethwe ngulo mzuzu. Makhe sizame. Ndihojeni nje.

<sup>150</sup> Si—sizama ukwenza ntoni apha? Sibeka iLizwi likaThixo kuvavanyo. U-Eliya wenza kwaloo nto inye, waphuma wenyuka intaba emva kokuba wayesazi ukuba wayethunywe esuka kuThixo ukuba enze loo nto. Wathi, “Ngoku masiqonde ukuba ngubani na onguThixo, makathi uThixo ophendula ngomlilo abe nguThixo.”

<sup>151</sup> Babe abahedeni bezijeca, owu, besithi, “Kulungile, ngokuqinisekileyo, hayi...” A—abahedeni babesazi ukuba umlilo awusayi kuwa, ngoko bakhala baqhubela phambili.

<sup>152</sup> Kodwa u-Eliya wayesazi ukuba uzakuwa, kuba wayebone umbono osuka eNkosini.

Uthi, “Wayebone umbono?”

<sup>153</sup> Ewe, mhlekazi! Wathi akubeka ngendawo yayo yonke into, wathi, “Nkosi, ndenze konke oku ngokomyalelo waKho.” Waze ngoko umlilo waqala ukuwa. Xa iLizwi likaThixo ligcinwe lilonke, ngoko luxanduva lukaThixo ukukhathalela konke okunye kwalo. Ukucela ukuba ukubeke phaya. Uze uqiniseke ukuba ubizelwe ukukubeka phaya. ‘Yabona? Ukuba ubiziwe, Uyakukhathalela konke okunye kwaloo nto.

<sup>154</sup> Ngoku, naba abantu besiza ngalo mgca endiyakuthandaza... Ngoku, kulungile, nimalunga nasedongeni ngoku, kulungile, ukuya ekuqaleni komgca. Ngoku, kuqala, kungakho kwindawo ethile apha kwesi sakhiwo, abantu abathile...

Bangaphi apha abagulayo babe bengenakhadi lamthandazo, phakamisa isandla sakho. ‘Yabona, kuyo yonke indawo. Ngoku, uyazi ukuba iNkosi yethu... Kwaye ndiyakholwa ukuba Iyakwenza njalo, ukuba Isekwayiyo izolo, namhlanje, nangonaphakade. Yayiqhuba imigca yokuthandazela. Abantu beza kuYo kwimigca emikhulu, izihlewele, Yabachukumisa, yabasikelela. Ngoko Yemisa ngaxesha lithile, yathi, “Ngubani na oNdichukumisileyo?” Yabhekabheka, yaxelela umfazi ukuba wayeYichukumisele ntoni na; yaze yathi ithombo lakhe legazi laliphelile, ukholo lwakhe lwalumphilisile.

<sup>155</sup> Kwakunokuthini ukuba lo mfazi wayejike nje wathi, “Ke, andazi, Nkosi, le nto ndibenayo ithuba elide?” Kwakungenakwenzeka oko. Hayi, kwakungenakwenzeka. Hayi.

<sup>156</sup> Kwakunokuthini ukuba Wayethe kumfazi womSirofine, “Ngenxa yeli lizwi ulithethileyo, intombi yakho, umoya ongolileyo uphumile kuyo,” kwakunokuthini ukuba wayethe, “Ke, ngoku, Nkosi, be—bendifuna ukuba Ukwenze oko *ngale ndlela*”? U—umoya ongolileyo ngowawusekuloo ntombazana. Kodwa walindela ukufumana umntwana wakhe eyiloo ndlela Yayithe uyakuba yiyo.

<sup>157</sup> Ngoku, Wasixelela ukuba, “Ukuba unokukholwa! Ukuba ungathi kule ntaba, ‘Suka,’ ungathandabuzi entliziyweni yakho, koko ukholwe ukuba oko ukuthethileyo kuyakwenzeka, ungakufumana. Xa uthandaza, kholwa ukuba uyakukwamkela, uyakukwenzelwa.” Sesinjani isithembiso!

<sup>158</sup> Ngoku indoda eshumayela ivangeli yasekuhlaleni ayikholelwa kuloo nto konke. Ingaphakama ibheke emnyango, ijonge ngaphakathi, okanye ime apho, ithi, “Ke, lelinye nje iqela labaqengqeleki abangcwele,” ihambe imke. ‘Yabona? Kodwa ayazi ukuba oku kuKudla okufihliweyo. Ayazi ukuba oku yiNto eyimfihlelo efihliweyo kuyo. Ayiyazi loo nto. I—i—ilusizi, yingqondo eze, eludwayinge, eyimfama, ibe ingayazi loo nto. ‘Yabona? Yinto embi leyo.

<sup>159</sup> Owu Thixo, mandife kuqala, kodwa ungaze undenze ndibe lolo hlobo. Kungcono ndife (ewe, mhlekazi) kunokuba ndenze loo nto. Kwaye ndiyacinga ukuba mntu ngamnye kuthi anganqwenela oko, asinakunqwenela oko? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

<sup>160</sup> Kodwa, ngoku, uThixo usithembise ezi zinto zintathu ngemihla yokugqibela. KuMalaki 4, uthe uYesu Kristu uyakuhla alinganise Yena esenyameni yomntu njengokuba Wayenjalo Yena eSodom. Injalo loo nto. Kwaye wathi ihlabathi liyakuba kwimo yaseSodom. Kwaye, “Njengokuba kwakunjalo ngoko, uNyana womntu uyakutyhilwa ngaloo mhla.” ‘Yabona, le Ndoda yehlayo ikwimo yomntu, eyayingu “Elohim,” ngo-Abraham, ngaphambi kokuba lo nyana wesithembiso afike. Khangela ukuba yayiyintoni na, u-Abraham uthe yayinguThixo. Kwaye iBhayibhile ithe kwakukho amadoda amathathu aweza kuye, enothuli ezinyaweni zawo, kukuhamba, ahlala phantsi adla njengabantu. Kwaye uYesu wathi, “Kanye ngexesha apho ihlabathi liyakuba kwimo yaseSodom, ngoko uNyana womntu uyakuZityhila kwakhona,” hayi unyana kaThixo. UNyana womntu, ‘yabona, uyakuZityhila.

<sup>161</sup> Ngoku phawula oko ndawonye noko umprofeti wokugqibela wakuthethayo, “NiYabonani Ndiyakuthunithumela u-Eliya, umprofethi, yena uyakubuyisela i—iintliziyo zabantwana emva koyise.” ‘Yabona, umyalezo wokubuyisela eBhayibhileni, noNyana womntu uyakube eZityhila ngaloo mhla. Kwaye ngaloo mhla ukuvakaliswa kwesigaba sokugqibela sebandla, umthunywa wesixhenxe, iimfihlakalo zikaThixo ziyakwaziswa ngaloo mhla. AMatywina aSixhenxe ayakuqhaqhwa. Iimfihlelo zala mabandla nezinto ezinjalo, ukuba enzeka kanjani na, noko kwenze- . . . njani, oko kwenzekayo.

<sup>162</sup> ‘Yabona, abayazi loo Nto. UYesu wathi, “BaFarasindini bazimfama!” Wathi, “Ukuba imfama ikhokela imfama, azisayi kuthi zeyele zombini emhadini?” ‘Yabona, naso isizathu sokuba abantu babe abayiboni loo Nto.

163 Iimfihlelo zaLo, zingawo, loo Matywina, ngalinye kuloo mabandla lenza umbutho langena kuwo, kwaye yenye yezinto ezifihlakeleyo ebingalunganga phambi koThixo leyo. Uyayibona, Gqirha Lee? 'Yabona, khangelana, yiyo. Nantso kanye apho ikhoyo into. Leyo yenye yezinto ezifihlakeleyo. Bazenya umbutho baze, 'yabona, baze ngokupheleleyo bangaphandle kwentando kaThixo. Kwaye yiloo nto eyakudandalaziswa ngemihla yokugqibela, ize ikhokele abantu, ingabasi kumgaqo okanye ihlelo, koko ibabuyisela kwinyaniso yeLizwi. Kwaye iLizwi lenyaniso liyakuza kwiqela elithile labantu, kwaye uNyana womntu uyakuZityhila phakathi kwalo, "isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade."

164 Owu, bethu! Owu, ndiyayithanda loo nto. Ndiyathanda—ndiyathanda ukuqhayisa ngaYe. Ndiyakuthanda uku—ukuMenza mkhulu phambi kwabantu. Andimelwe kukuMenza mkhulu; sele eMkhulu kakade. Uphakame kakhulu kangangokuba awunakudlula phezu kwaKhe, unzulu kangangokuba awunakungena phantsi kwaKhe, ubanzi kangangokuba awunakuMjikeleza, kwaye nangoko unayo yaKhe entliziyweni yakho. AwunakumaMkela? Imangalisa njani iNkozi! Kulungile.

165 Ngoku masizole ngenene, wonke umntu. Ngoku sithethile ngale Nto. Ke ngoku nantsi eyona nto, kukuba, ingaba iyinyaniso? Ngoku, kusenokuba kukho abathile abangabasemzini apha. Ndisenokuthi ukuba...kuni, ukuba uKristu isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade, Ebeyakwenza ntoni kulo mzuzu? Ebeyakwenza kwaloo nto inye Wayenzayo xa Wayelapha ngaphambili. Ingaba kunjalo? Ukholo lwabantu lungachukumisa ingubo yaKhe, kwaye Angajika. Njengokuba Wenzayo kula mfazi equleni, waze Wenza njalo nakwezinye iindawo, kwaye Wazicalula iingcinga zabo.

Ngoku, uthi, "Ingaba Ebeyakundiphilisa?"

166 ILizwi lakhe lithe sele Eyenzile loo nto. Kodwa into inye, kukuthi, aZazise ukuba Ulapha.

167 Ngoku, ukuba Ebevelile kuthi ngomzimba wenyama, ukhangeleka kanye ngokuchanekileyo njenge *Ntloko kaKristu ekuMashumi Amathathu Anesithathu* kaHofmann, negazi liphuma ezandleni zaKhe, njalo njalo, enamanxeba ezikhonkwane Ewonke, bendingenakuyamkela. Hayi, hayi. Hayi, hayi. Xa Esiza, ngokwaKhe, "Onke amehlo ayakuMbona, lonke ulwimi luyakuMvuma; kwaye njengokuba umbane usiza uvela eMpuma uye eNtshona, kuyakubanjalo." 'Yabona? Asikholelwa kula maqela abayibaxayo neziduko. Sikholwa ukuba uThixo uliLizwi.

168 Kodwa Uzifaka emzimbeni ngokwaKhe, ethabatha umzimba wakho nomzimba wam aze akunike izipho, andinike izipho, kuze kuthi ngezi zipho AZazise. Nako uKudla okufihlakeleyo. Akunamsebenzi nokuba AngaZazisa kangakanani na ngam, wena umelwe kukukholwa yiloo Nto, umelwe kukuba ube nesipho sokholo, njalo, ukuze uYikholelwe. Niyakholwa yiloo nto? [Ibandla, “Amen.”—Mhl.] Ke ngoku ukuba UyakuZibonakalisa ngaloo ndlela, ningakholwa kuYe? [“Amen.”] Ngentliziyi yakho yonke, uyakukholwa kuYe? Owu, indlela ekumangalisa ngayo, silindele nje kuYe, silindele nje ukubona oko Akuthethayo.

169 Nantsi indoda imi *apha*. Andizange ndiyibone ebomini bam, ngokokwazi kwam. Ikhangeleka ilungile, yomelele, indoda ephilileyo, ngeliphandle injalo, a—a—andazi nto. Kodwa imi phaya. Ngoku, ndinokuya ndibeke izandla kulaa ndoda ndiyithandazele, ndiyicele ukuba ikholwe. Ingema apha ithi kum, ithi, “Ndi—ndi—ndifuna ukuba uthandaze u*Zibani bani*. Kwaye ndina—ndinamagongoma ahllileyo. Ndinentloko, njalo. Ndinezilonda ezisemathunjini esiswini sam,” okanye into ethile. Yona—yona i, andazi. Ingathetha nayiphi na kwezo zinto.

170 Ndingathi, “Kulungile, mhlekazi. Mzalwana ndizakubeka izandla zam phezu kwakho ndikuthandazele.” Loo nto ingaba ilungile ngokugqibeleleyo. Nantso kanye into esithe sayenza konke ukuhla kwesi sigaba. Ingaba kunjalo?

171 Kodwa, khumbula, uYesu wathi iyakuba yinto eyahlukileyo kanye nje kwixesha loKuzwa kwaKhe, njengokuba kwakunjalo ngemihla yaseSodom. Kwaye iNdoda eyenyukayo, yayize ngomva ententeni apho uSara wayekhona, yaze Yathi, (hayi) “Abram,” ngoku, “Abraham.”

172 'Yabona, wayengu-Abram, kusuku olungaphambi koko. Kodwa wahlangana nombono, yaze iNkosi yamxelela ukuba, “Ndizakulitshintsha igama lakho.”

173 Kwaye apha iNkosi, ngokwaYo, ikwimo yendoda, isidla isela kunye naye. Yathi, “Abraham, uphi umkakho, uSara?” S-a-r. . . r-a-h; hayi S-a-r-a-y-i.

Wathi, “Usententeni, emva kwaKho.”

174 Yathi, “Ndizakukundwendwela, ngokwedinga laM kwiminyaka engamashumi amabini anesihlanu eyadlulayo.”

175 Kwaye uSara waba buzihlekelo. Yathi ke, “USara uhlekile ententeni kanye ngoko, esithi, ‘Zingabanakho njani ukuba kho ezi zinto?’” Ingaba kukho into enokumnqabela uThixo 'yabona? Ayikho. Hayi, mhlekazi.

176 Ngoku Yathi, “UYesu wathembisa ngaloo nto, Yena, uNyana womntu,” oliLizwi, (niyakholwa yiloo nto?) “uyakuza

ngemihla yokugqibela aZityhile ngexesha eliyakuthi ihlabathi libe njengeSodom neGomora.” Niyakholwa ukuba yinyani leyo?

<sup>177</sup> Phambi kokuba sifumane umthandazo omnye, abanye benu phaya phandle bathandaze babone ukuba uNyana womntu isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. Cela nje ubone ukuba Unjalo na, uthi, “Nkosi, le ndoda ayindazi, kodwa ndiyazi ukuba Wena isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade,” ubone ukuba Ukuxelela loo nto na.

Ewe, mhlekazi. Ngoku phakamisa intloko yakho okomzuzwana nje.

<sup>178</sup> Usemva kwam. Ngumntwana. Uyavutha khona ngoku ngumkhuhlane. Yintombazana encinane. Uvela ngaphandle kwale dolophu. Lo mntwana unenkathazo yesisu. Injalo. Kholwa nje kuphela.

<sup>179</sup> Ngoku, ingaba yiloo nto Awathi Uyakuyenza? Andizange ndimbone laa mntu ebomini bam. UThixo oseZulwini uyayazi loo nto.

<sup>180</sup> Le ndoda ilapha, ikhangeleka yomelele isempilweni. Kodwa yabona esa sithunzi siphezu kwayo phaya? Oko kuthetha ukuthi, ngaphandle kokuba uThixo ayincece, ayisayi kubalapha thuba lide. Inomhlaza. Usemphungeni wakho.

Ngoku, uNyana womntu ulapha.

Inomthwalo entliziyweni yayo ngenxa yenkwenkwe encinane, umntwana omncinane. Ingaba kunjalo? Uyakholwa ukuba uThixo angandixelela ukuba yintoni na ingxaki yaloo mntwana? [Lo mzalwana uthi, “Ndiyazi ukuba unako.”—Mhl.] Unako. Unokuhlaselwa okuncinane kokungabikho zingqondweni okukwimo yokuxhuzula. Usandula ukuba nokunye kutshanje. [“kusanje.”] Kunjalo, kusanje. Kwaye uyakholwa ukuba uyakuphila ukuze uyikhulise loo nkwenkwe, yaye izakuphila? [“Ewe.”]

<sup>181</sup> Uphi apha akhoyo uCharlie Cox? Uphi? Charlie, uphi? Bendicinga ukuba awukho apha ngokuhlwanje. Nanku ngapha, uCharlie. Gary, uphi? ULarry, ingaba ukho? Inkwenkwe yakhe encinane yayinale nto inye, ngokuchanekileyo iyinto enye. Undawoni, Larry? Yiza apha umzuzu nje. Kulungile, naku ke. Nantsi inkwenkwe encinane apha eyayikwanalento inye. Uyise wayo nonina bangabahlobo abalunge kakhulu bam. Kwiminyaka eyadlulayo ndandiphaya ezantsi, kwaye le nkwenkwe incinane yayihlaselwa kukuxhuzula, kusuke nje kube mnyama kuphele kuyo. Yayisisifo sokuxhuzula. Ndasibamba kuloo nkwenkwe incinane, ndacela uThixo ukuba ayiphilise. Ayizange iphinde ibenako ukusukela ngoko. Nguyise wayo lowo; unina wayo uhleli apha kwindawo ethile; kwaye nantsi inkwenkwe encinane, isiqu sayo.

182 Ngoku uyakholwa, mhlekazi? (Enkosi, Larry.) Uyakholwa, mhlekazi wanga uThixo weZulu angakunika kwaloo nto inye nawe, nokuze ube nokuphila ukuze ukhulise loo mntwana. UThixo akusikelele.

Masithandaze.

183 Thixo Othandekayo, mncede. Ndithandazela ukuba inceba yaKho nobabalo ibe phezu kwakhe imsikelele. EGameni likaYesu.

184 Buyela emva eLouisiana ngoku, wonwabile, udumise uThixo ngenxa yayo.

185 Owu, ewe, ebevela eLouisiana, ngokuqinisekileyo bekulapho, ngakwiChibi iCharles. Kunjalo. 'Yabona, ndinako ukubamba iingcinga zakho ngoku. Makabongwe uThixo!

186 Kulungile, unesicelo malunga ne—nento elungileyo, ufuna ukufumana usana. Sele unabo abantwana, isibini sabantwana, kodwa ufuna omnye. Wanga uThixo oseZulwini angakunika yena, dade wethu. Yiza apha, ndifuna nje ukukubeka izandla.

187 Thixo Othandekayo, nika lo mfazi umnqweno wentliziyo yakhe, ngokuba usisizathu esibalulekileyo. EGameni likaYesu. Amen.

Ngoku hamba umfumane loo mntwana.

188 UThixo unguThixo olungileyo. Niyakholwa yiloo nto? [Ibandla lithi, "Amen."] Wazi konke esikusweleyo. Uyabonelela ngokubhekiselele kwintswelo nganye ukuba siyakholwa yiloo nto. Wathi, "Ukuba unokukholwa!"

189 Ndakhe ndasibamba isandla sakho kwindawo ethile. Andikhumbuli ukuba kwakuphi na, kodwa kwindawo ethile ndakhe ndakubamba isandla. Andikhumbuli nje kanye kanye, kodwa sasikwindawo ethile, namhlanje kwindawo ethile, kodwa andazi ukuba bekuphi na. Kodwa akukho apho, into esize kuthetha ngayo apha. Ulapha ngokuzakuthetha ngayo, okanye uze kuyithandazela, ufuna ukuba ndithandazele omnye umntu. Injalo loo nto. Yena akakho apha. UseGeorgia, uyagula. Akaguli nje kuphela, ngokwasenyameni, koko ugula ngokomoya; ngumzala wakho. Uyakholwa ukuba uThixo uyakuyinakekela le nto ngenxa yokuba ummele? Uyakholwa? Yiza apha masithandaze kunye.

190 Thixo Othandekayo, nika le ndoda umnqweno wentliziyo yayo, ukuze ibe nokuhamba ifumane le ndoda ikhala ifuna uThixo. EGameni likaYesu siyakucela. Amen.

UThixo akusikelele. Musa ukuthandabuza. Kholwa ngentliziyo yakho yonke.

191 Kunjani? Ibingekokuba ndingafiki kwesakho isandla ukuze ndisibambe ngoko, ngokuya ubukhuphe isandla sakho, bendiqaphela into ethile. Ibisithunzi, esimdaka kakhulu

simnyama. Naso isizathu. Ndiyazi ukuba ndikhe ndasibamba isandla sakho, bendiyakufumana kulolo hlobo, 'yabona. Kodwa ngumhlaza. Uyakholwa ukuba uThixo unako ukuwususa? Usebeleni lakho, kwicala lasekunxele. Uyafuna ukubuyela emva eCarolina udumise iNkosi ngenxa yokuba uphilile, akunjalo? 'Yabona ukuba ndithetha ukuthini na? Masithandaze.

<sup>192</sup> Thixo Othandekayo, eGameni likaYesu Kristu, Lowo Ukhoyo ngoku; abantwana besidla iSonka sikaThixo, wanga lo mntwana naye angaluvuyela ukholo, iSonka sikaThixo Amnika sona ngoku ukuze aphiliswe. Wanga angahamba aphile, eGameni likaYesu. Amen.

UThixo akusikelele, mzalwana. Kholwa ngentliziyo yakho iphela.

Kunjani?

<sup>193</sup> Asiloxesha limangalisayo? Kukhangeleka nje njengokoyikeka okuzinzayo phezu kwabantu. Okanye, kuvakala ngolo hlobo, iindlebe zam, ngokungathi kukho into ethile eqhubekayo, [Umzalwana Branham uvuthela embokweni—Mhl.] “Whuh-h!” Kusenzeka nje ingxolo, enjalo, “Whuh-h,” ngolo hlobo, 'yabona. SiSonka sabantwana. 'Yabona? Sesenu, Sesenu. Ayisosam; sesenu. Ndinombulelo kakhulu, kanye ngeshesha langoku, andazi...Ndiphilile mna, ngokokwazi kwam; kodwa kusiSonka kum, kananjalo, xa ndisiswele. SiSonka kuni. Yinkuthazo. Kuni bangaguli nokugula, oku kuzisa nje iintliziyo zenu zinyukele phambi koThixo.

<sup>194</sup> Kungexesha elifanelekileyo kanye ngoku, oko Wathi Uyakukwenza, “Njengokuba kwakunjalo ngemihla yeSodom, kuyakubanjalo ekuzeni koNyana womntu, xa uNyana womntu ayakutyhilwa.” 'Yabona? “Kwaye, yabonani, Ndinithumela u-Eliya umprofeti phambi kokuba ifike imini enkulu eyoyikekayo yeNkosi. Wobuyisela iintliziyo zabantu emva kuYise.” 'Yabona? 'Yabona?

<sup>195</sup> “Aze ke amalungisa ahambe phezu kwa—kwabangendawo, uthuthu.” Bayakuvutha njengeziko, 'yabona, umhlaba uyakubanjalo. Siyabona ukuba izakuwa phaya ngaphesheya. Kwaye intaba-mlilo iyakuthi saa phezu komhlaba, amazulu ayakutsha.

Owu Liwa laPhakade, yiba nenceba kum ngoku, nangoko.

<sup>196</sup> Kunjani? Kulungile, inye into, unenkathazo yobunenekazi, inkathazo yobufazi. Unazo nezinye izinto. Unobuphatshuphatshu, bobo budala nje bokuba phatshu phatshu. Ukungaphatheki kakuhle nazo zonke izinto. Kodwa unomnqweno, kananjalo, lowo ngowokwamkela uMoya oyiNgcwele. Kunjalo. Nantso into ekuyiyo. Uyakholwa ukuba u...Uvume yonke into? Uyakholwa ukuba xa ndibeke izandla



phezu kwakho ndicele uThixo ukuba ayenze loo nto, uMoya oyiNgcwele uyakungena? [Udade uthi, “Ewe.”—Mhl.] Uyakholwa yiloo nto? [“Ewe, mhlekazi.”] Masithandaze.

<sup>197</sup> Thixo Othandekayo, ndibeka izandla zam phezu kwalo mfazi, ngokwenkqubo yobupostile, ndicela ukuba amkele ubhaptizo loMoya oyiNgcwele. EGameni likaYesu Kristu, wanga angaWamkela. Amen.

<sup>198</sup> Musa ukuthandabuza. Ungowakho, 'yabona. Ungowakho. Usi—usiSonka sabantwana.

<sup>199</sup> Ube nokuziva okuncinane okungaqhelekanga xa bendisithi, “yinkathazo yobufazi,” akunjalo? Kuba yiloo nto obunayo, kananjalo. Ngoku uyakholwa ukuba uyakuphila ngoku? Hamba, ubulele nje iNkosi.

<sup>200</sup> Kunjani? Uyakholwa ngentliziyo yakho yonke? Uyakholwa ukuba yakubanako ukudla njengokuba wawukade usidla kwithuba elide eladlulayo? Kulungile. Hamba, uthi, “NdiyaKubulela, Nkosi. Ndiyakholwa yiloo nto.” UBukho beNkosi.

<sup>201</sup> Uyakholwa ukuba inkathazo yomqolo wakho iyakukushiya kwaye uyakuphila? Kulungile, hamba nje, uthi, “SiyaKubulela, Thixo Othandekayo,” kwaye uThixo uyakukupha loo nto.

<sup>202</sup> Uyakholwa ukuba uyakuphila, iNkosi iyakukwenza uphile; kwaye akusayi kuba nankathazo yamathambo, uyakuba ngophilileyo ube sempilweni? Uyakholwa yiloo nto? Hamba, uMbulela, uthi, “Nkosi, ndiyayamnkela loo nto ngentliziyo yam yonke, kwaye ndiyakholwa yiyo.”

Yintoni enikholwa yona nonke apho malunga nale Nto?

<sup>203</sup> Wena apha kanye, beka isandla sakho phezu kwala mfazi uhleli kanye ecaleni kwakho apho, mxelele ukuba imithambo edumbileyo neyokuqaqamba kwamalungu iyakumyeka. Xa athe...?...

<sup>204</sup> UThixo akusikelele. Uyakholwa ukuba uzakuphila ngoku. Goduka ube... UThixo akusikelele. Hamba indlela yakho, uthi, “NdiyaKubulela, Nkosi Yesu.”

<sup>205</sup> Kunjani? [Udade uthi, “Mayibongwe iNkosi.”—Mhl.] Uyakholwa ukuba inkathazo yobufazi iyakukuyeka, nawe? [“Ndiyakholwa.”] Kwaye uyakuphila? [“NdiyaKubulela, Yesu.”] Hamba, uthi, “NdiyaKubulela, Nkosi.” [“NdiyaKubulela, Yesu.”]

<sup>206</sup> Kunjani? [Udade uthi, “Nditsaleke intlala.”—Mhl.] Kutheni, bethu, bethu! [“Totten.”] Ndiyalazi igama lakho. Nda—ndandikade ndi... [“Totten.”] Ngethuba ndandingumlungiseleli kwibandla laseBhaptizi. [“Totten.”] NguTotten [“Della Totten.”] UDade uDella Totten. Ukhathazwa ngumqolo ngoku. [“Ewe.”] Uzakuphila.

Uyakholwa ukuba Uzakukuphilisa? ["Ewe."] Uyayikhumbula into eyenzekayo ezantsi phaya kwibandla laseBhaptizi laseMiltown kwiminyaka eyadlulayo? ["Ewe, ndiyayikhumbula loo nto!"] Usenguloo Thixo mnye namhlanje. ["Owu, ndiyambulela uThixo!"] UThixo akusikelele, dade wethu.

George Wright, uphi? Uyakhumbula? Bethu, okunjani. . .

Uyakholwa, ukuba nje ndibeke izandla zam phezu kwakho, ndinale ntambiso, uyakholwa ukuba uyakuphila? Yiza apha. EGameni likaYesu Kristu wanga angaphiliswa. Amen. Yiba nokholo!

Kulungile, niyakholwa nonke ngentliziyo yenu yonke? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.]

<sup>207</sup> Ngoku, indlela le oko ekuzisa ngokucace ngayo iinkumbulo zakudala, ukubona elaa nenekazi! Andilikhumbuli igama lalo, phofu, kodwa ndi. . . [Kukho umntu othi, "NguTotten."] NguTotten. nguTotten, kunjalo. Owu, ewe, intombi yakhe yayinguBirdie, kunjalo. Injalo kanye loo nto. Ningacingi ukuba ndishiyiwe zingqondo, ndibulolo hlobo kancinane, uyazi, kuba nje. . . Andikwazi kuyicacisa.

<sup>208</sup> Buyela emva inkathazo yomqolo wakho iphelile, nkosazana. Hamba, udumise iNkosi, uthi, "NdiyaKubulela, Nkosi."

<sup>209</sup> Uyakholwa kukuba inkathazo yentliziyo yakho iyakulunga, nayo? [Isigulana sithi, "Ewe."—Mhl.] Hamba nje, uvuya, uthi, "NdiyaKubulela, Nkosi, Yesu," ukholwe yiloo Nto. Kulungile, yiba nokholo ngoku. Musa ukuthandabuza.

<sup>210</sup> Yiza, nkosazana. Uyakholwa ngentliziyo yakho yonke? Unezinto ezininzi ezingalunganga kuwe. Unenkathazo yomqolo, kananjalo. Uyakholwa ukuba uThixo uzakukuphilisa? Kulungile, hamba nje, uvuye. Nguye, nguYe lowo ukwenza uzive kanjalo. Bulela iNkosi. UThixo akusikelele, dade.

<sup>211</sup> Bayethe, Mfana. [Inkwenkwe ithi, "Bayethe!"—Mhl.] Uyakholwa ukuba uThixo uyakuphilisa kwimeko yobuphatshuphatshu balaa mntwana ayenze ilunge? Uyakholwa yiloo nto? Kulungile. Bayethe, tshomi. Mandibambe isandla sakho.

<sup>212</sup> Thixo Othandekayo, susa loo nto ingcolileyo isuke kule nkwenkwe incinane, yaye yanga ingaphila ibesempilweni eqhelekileyo. EGameni likaYesu. Amen.

<sup>213</sup> UThixo akusikelele, mzalwana. Uyakholwa yiloo nto, akunjalo? Uze uphile. Musa ukuthandabuza konke.

<sup>214</sup> Usemtsa kakhulu ukuba ungade ubenenkathazo yentliziyo. Uyakholwa ukuba uThixo uyakukwenza uphile? [Isigulana sithi, "Ewe, mhlekazi."—Mhl.] Hamba, uthi, "NdiyaKubulela, Nkosi, ngokundiphilisa."

215 Uyakholwa ukuba uThixo uyakuyiphilisa inkathazo yesisu akwenze uphile? Hambela phambili, uvuye, uthi, “NdiyaKubulela, Nkosi.”

216 UsenguThixo, akanguYe? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Inye kuphela into enimelwe kukuyenza kukukholwa nje. Ayinjalo loo nto? Niyakholwa kuNyana womntu ngemihla yokugqibela?

217 Bekukho into ethile eyenzekileyo apha kwimizuzu embalwa edlulileyo, kwaye andinako. . . Ndizama ukufumanisa ukuba bekuphi na. Kukho umntu obenokholo waza wenza into ethile. Okanye, mhlawumbi ndiyakuyifumana kwiCawe ezayo, okanye xa ndinokuba nako. Ingaba u—u. . . Nantso kwakhona. Uphakamise isandla sakho. Uyakholwa ukuba uThixo angayiphilisa inkathazo yentliziyo, akwenze uphile, ayiphilise intombi yakho leya iphaya phandle ine. . . ine. . . Uyakholwa yiloo nto? Nkosk. Neff, uyakholwa ukuba uThixo. . . Leo Neff. Andikwazi, kodwa nguwe lowo. Unenkathazo yentliziyo, nentombi yakho encinane ikhathazwa zizintso. Uyakholwa ukuba iyakuphila? Ukholo lwakho luyakuphilisa. Kholwa ngentliziyo yakho iphela.

218 Wena phaya emva equleni, umi phaya emva ukhathazwa sisisu, uYesu Kristu uyakuphilisa.

219 Niyakholwa? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. Beka isandla sakho ngaphaya komnye naye ngokunjalo ngoku. Owu, cinga ngeyure esikuyo, cinga ngexesha. Cinga ukuba sikuBukho bukaYesu Kristu kanye, uNyana kaThixo. Wathembisa ukuba Uyakwenza le nto ngemihla yokugqibela. Ndibeke izandla phezu kwezi tshefu.

220 Thixo Othandekayo, ndithandaza ukuba Usikelele ezi tshefu ukuze kuphiliswe imizimba yabo bantu, ngeGama likaYesu Kristu.

221 Ngoku, izandla zenu ziphezu komnye esomnye, mntu ngamnye kuni ulilungu loMzimba kaKristu. Loo Moya uyiNgcwele mnye wathembisa ukutyhila iimfihlelo zeentliziyo wenze ezi zinto, Ungaphakathi kuni. Niyinxalenye yaKhe, kwaye Yena uyinxalenye yenu. Ngoku, Wakuthetha oku, “Nantsi imiqondiso eyakulandelana nabo bakholwayo.” Nini ke abo. “Ukuba bathe babeka izandla kwabagulayo, bayakuphila.” Ngoku, musa ukuzithandazela, thandazela lowo ubeke izandla phezu kwakhe, kuba Yena uthandazela wena. Ngoku masithandaze kunye, kwaye kwanga akunakubakho mntu ubuthathaka kwesi sakhiwo. Singathini ukuba salinda, mzalwana wam othandekayo, dade, yiYo le, nguMoya oyiNgcwele, nguThixo, ulapha kanye, kwale nto besithetha ngayo.


222 Yesu Othandekayo siyabuqonda uBukho baKho. Wabuyisela olwa sana luncinane ebomini ngenye imini, emva kokuba lwalufile, ngomthandazo wokholo. Thixo Othandekayo, baninzi apha abangabanga nakufika, ixesha liyedlula, kodwa babeke izandla zabo omnye komnye. Bangamakholwa. Sihleli kuBukho beNkosi uYesu Kristu, ivuswe kwabafileyo, isekwayiyo izolo, namhlanje, nangonaphakade.

223 Sathana, woyisiwe! UYesu Kristu wakoyisa! Wavuka kwabafileyo kwaye umi phakathi kwethu ngokuhlwanje, engqinela lo Myalezo wemihla yokugqibela. Phuma kwaba bantu! Bayeke, eGameni likaYesu Kristu! “EGameni laM bayakukhupha iidemoni,” kwaye uyakhutshwa. EGameni likaYesu Kristu, yeka eli bandla!

224 Nonke ngabanye ngoku nina namkela impiliso yenu, yimani ngenyawo zenu. Wonke umntu owamkela impiliso, yima ngeenyawo zakho. Phakamisa izandla zakho ngoku uMdumise!

“Ngoku ndiyayamnkela impiliso yam,” thetha loo nto uThixo. Ngoku ndiyayamnkela impiliso. [Ibandla lithi, “Ngoku ndiyayamnkela impiliso yam.”—Mhl.] Isekwanguwe izolo, namhlanje, nangonaphakade, Kristu. [“Isekwanguwe, izolo, namhlanje, nangonaphakade, Kristu.”] Ndiyakholwa kuWe ngoku. [“Ndiyakholwa kuWe ngoku.”] Nceda ukungakholwa kwam Wena. [“Nceda ukungakholwa kwam Wena.”] Amen. [“Amen.”]

NdiyakuMdumisa, NdiyakuMdumisa,  
Ndidumise iMvana eyabulawelwa aboni;  
Mnikeni uzuko, nonke bantu,  
Kuba iGazi laKhe lihlambe lonke ibala.

225 AniMthandi? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] MasiMdumise ngoko. Wonke umntu, niphakamise izandla zenu, Mdumiseni, ngeli thuba umzalwana ezayo ukuza kusindulula. 

*Ukudla Okokomoya Ngegesha Elifanelekileyo, Umq. 8 Inani 5*  
(*Spiritual Food In Due Season, Vol. 8 No. 7R*)

Lo Myalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham owawushunyayelwe ekuqaleni ngesiNgesi ngeCawe ngokuhlwa umhla we-18 kuJulayi, ngowe-1965, kuMnquba kaBranham, eJeffersonville, e-Indiana, eMelika, wathatyathwa kwisishicileli-mazwi washicilelwa ungafinyezwanga ngesiNgesi. Le nguqulelo yesiXhosa ipapashwe ngowe-1999 ngabe:

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. Box 950, Jeffersonville, Indiana 47131 U.S.A.

## Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)